


# UKUBA NEENTLONI

 Enkosi, Mzalwana uNeville. Ikusikelele!

<sup>2</sup> Molweni kusanjanje, zihlobo. Kulungile ukuba lapha ngale ntsasa. Kwaye ndicinga ukuba ndenze i... Ndingu mngeneleli kwixesha likaMzalwana uNeville. Ehleli emva phaya kunye neyakhe, ehlanganisa itekisi yakhe kunye; kwaye ndangena, waqalisa ukusonga itekisi yakhe, waza wathi, “Ke...”

<sup>3</sup> Indikhumbuza kwiminyaka eyadlulayo. Kwakudla ngokubakho umzalwana ontsundu ezantsi apha, ogama linguMzalwana uSmith, kunye noDade uCross. Babengabahlobo bam abalunge kakhulu. Kwaye xana ndanngena esakhiweni ebusuku, umfo omdala wayedla... Waye nodevu olumhlophe. Andazi nokuba nabani na kuni uyamkhumbula, okanye hayi. Kwaye waye yakuba seqongeni, uyazi. Kwaye bonke babeya kube becula, “NguHOLA Wendlela Ukuya EZulwini.” Kwaye uMzalwana uSmith, ubeya kuhlala nje ngolu *hlobo*, uyazi. Kwaye ndandiya kungena ngomnyango wangasemva.

<sup>4</sup> Kwakukho intombazana encinci, eluhlobo lokubamnyama ngenene, yayidla ngokuhlala ekoneni. Yayiya kuqalisa ukuqhwaba izandla zayo, isithi, “Mphakamiseni,” laa ngoma, uyazi. Babefaka eyabo intsholo kuyo, uyazi. Kwaye ngoko ngaphaya kwikona elandelayo, kubekho umntu othile ngomnye, athi, ngena kwakhona, “Mphakamiseni.” Ke, yiloo nto ababeya kuyicula xana ndingena emnyango. Nje ndiya lithanda elaa gquba labantu.

<sup>5</sup> Kwaye ke uMzalwana uSmith omdala ehleli emva phaya, kancinci, uyazi, kwaye waye luhlobo oluthile lomfo ozolileyo. Wayeyakuthi, “Ngena, mdala, phumza umnqwazi wakho.” Hayi “zimphumze”; “phumza umnqwazi wakho,” yabona. “Ngena, mdala, phumza umnqwazi wakho.” Waye yakuya phezulu phaya, kwaye, ndandisazi ngendlela athi aqalise ngayo, ukuba ndandisengxakini, yabona.

<sup>6</sup> Wayeyakuthi, “Ke,” athi, “bantwana, uyazi,” wathi, “Be—bendihleli apha ndizibuza, ‘Nkosi, yintoni Oya kundinika yona ukuba ndiyithethe?’” Wathi, “Wa—Wa—Waye qhubeka enikina intloko Yakhe, enikinela intloko Yakhe kum. ‘Andiyi kukunika nto yakuthetha.’” Wathi, wathi, “Ndibone uMdala uBranham engena emva phaya, kwaye ndathi, ngoku, ‘Nkosi, nje ndiqalisa ukukhumbula...’” Ke, ndandisengxakini nyhani!

<sup>7</sup> Mzalwana uGeorge Wright, unjani, mzalwana? [UMzalwana uWright uthi, “Owu, kulungile. Ngokuqinisekileyo.”—Mhl.] Ikusikelele, Mzalwana uWright! Ngokuqinisekileyo. [“UMzalwana u-Elijah usemva phaya.”] Owu, ingaba oko kunjalo? UMzalwana u-Elij’ Perry, wathi, usemva apha. Uphi,

Mzalwana u-Elij’? Andizange ndimbone kwelide. . . Ke, bethu, yini na! Ngoku besimele ukuba sibe nomhlangano wokwenene apha! U-Elij’ Perry, uGeorge Wright, kunye nabanye babo bakudala abo ababedla ngokuba lapha xana naniphantse kwafuneka ukuba sibambe imivalo yendawo, ngezandla zethu, umoya ubhudla. Kulungile ukunibona! Umama, uDade uWright kunye nani? UDade uWright ungenile na? Usemva phaya, naye. Ewe, mhlekazi. Ke, kuhle kangakanani na! UDade uPerry, ndiya babona bonke ngoku. Ke, oko kulungile ngokwenene. Kulungile ukuba ngaphakathi. Kuhle ukuhlala kwezi ndawo. Kulungile ukuba kunye.

<sup>8</sup> Ndandiye ndacwangcisa, kanzima kakhulu, ukubuya; ndinomthwalo entliziyweni. Ndisandula nje ukubuya e-Afrika, njengokuba nonke nisazi. Kwaye xana ndafikayo ngaphaya, ndandinevisa ethintelweyo, kwaye ayizange indivumele, ayizange indivumele ukuba ndishumayeke ngokuba ihlanganisa abaninzi kakhulu ndawonye. Balindele uvukelo phaya nangaliphi na ixesha, kwaye—kwaye be—bebengekhe bandivumele ukuba ndishumayeke ngenxa yoko kuhlanganisa abantu abaninzi kakhulu ndawonye. Ekuphela kwendlela ebendingaba nayo, ibiya kuba kukuba ndibenombutho othile lowo umelwe ngurhulumente, eburhulumenteni, ukuze undimemele ngaphaya, ngoko oko bekuya kuthi ngokuzenzekelayo kuvumele urhulumente ukuba akhuphe umkhosi wokhuseleko. Yabona, nje baya ku. . . Kuya kubakho nje uvukelo, kwaye kukuphela kwenkomo ekhoyo kuko. Lona nje lukufutshane kanye, yabona. Laa ndoda yaseburhulumenteni yathi, “Ixesha lokugqibela xana yayilapha, yayinabantu abamalunga nekota yesigidi ndawonye.” Kwaye yathi, “Ngoko, uyabona, leyo iya kube nje iyiloo nto kanye ubukomanisi buyifunayo, ukwenzela uvukelo.” Ke, andizange ndikwazi ukushumayela.

<sup>9</sup> Abo bantu bemi phaya, bewangawangisa izandla zabo, kwaye belila, “Khumbula umama wam! Khumbula umzalwana wam wafa! Owam. . .” Phaya, kwaye ngaphakathi komvalo, uyazi, imivalo yocingo, kwaye lonto ikwenza uzive kakubi ngokwenene. Kwaye ndiye ndabuyela ekhaya.

<sup>10</sup> Kwaye ndacinga, “Ke. . .” Unyana wam, uJoseph, emva phaya, uye wayekelela kancinci ekufundeni kwakhe. Kwaye wayene. . . Waphumelela kakuhle, kodwa kwafuneka ukuba abuye ayiphinde; waye ngafundanga kakuhle ngokwaneleyo. Ke ndacinga, “Ke, kuya kufuneka ukuba sihlale ekhaya okwethutyana.” Kwaye ndathi, “Ukuba sihlala ekhaya, iya konakalisa ikhefu labantwana.” Ke sasuka nje salirhoxisa, kwaye samthabathela ngaphaya kwenye inxalenye ngo-Agasti, kwaye sa. . .saza sabuyela apha ukwenzela eziliqela, iiveki ezintathu.

<sup>11</sup> Ndathi, “Ndiyakholwa, ngelithuba sisemva phaya, ndiya

kuthabatha nje ndibambe umhlangano. Siya kufumana laa holo yesikolo phezulu apha, kwaye—kwaye siya kuba nomhlangano ukusukela ngomhla wamashumi amabini anesibhozo ukuya kutsho kowokuqala, umhlangano kwiholo yesikolo. Bendifuna ukushumayela kumxholo wokuthululwa kwezo Ngqayi ezisixhenxe zokugqibela.” Kwaye ke siye sabiza kwangaphambili, kwaye saba nokuphoxeka okuncinci. Abasayi kusivumela ukuba sibe nezi zikolo kwakhona, abantu abaninzi kakhulu bahlanganisana khona. Asinakusifumana naphi na. Kwaye ke ngoko ndaye ndathabatha isigqibo, ngelithuba ndandisemva apha ngoko, endaweni yokuba . . .

<sup>12</sup> Asikwazi ukufaka bonke abantu, ukuba singawubhengez-. . . Awuzange ubhengezwe, ngoku. Ke ukuba sifaka bonke abantu, sizama ukubafaka emnqubeni apha, besingekhe sikwazi ukuyenza lonto. Yabona, lonto nje. . . iintsuku ezintlanu nje apha kuya kuba kubi kakhulu.

<sup>13</sup> Ke, besihleli phaya sincokola noMzalwana uNeville noMzalwana uWood, nabo, siye sagqiba ukwenza oku. Ukuba asikwazi, endaweni yoko, oko kuya kusenza ukuba sibe neenkonzo ezintlanu; lowo kuya kuba ngumhla wamashumi amabini anesibhozo, nowamashumi amabini anethoba, nowamashumi amathathu, nowamashumi amathathu ananye, kunye nowokuqala. Ke, ndiziva ukuba sine, siqalisa ngeCawe elandelayo, singaba neenkonzo ezimbini, kusasa ngeCawe nangeCawe ebusuku, lowo ngumhla weshumi elinesibhozo. Kwaye emva koko ngo—ngomhla wamashumi amabini anesihlanu, sibe neya kusasa ngeCawe nangeCawe ebusuku. Ezo zinkonzo ezine. Ngoko ngo-Agasti ngomhla wokuqala, sibe nayo ngentsasa yangeCawe nangeCawe ebusuku. Oko kuya kusinika iinkonzo ezintandathu, kwaye ngoko oko akuyikwenza kuxinana ekungeniseni abantu ngaphakathi. Kwaye ndicinga ukuba.

<sup>14</sup> Anicingi ukuba oko kuya kuba ngcono kunokuba naye wonke umntu begxalathelene kwaye benyathelene kunye, nayo yonke into? Ngoko nje oko kwezo nkonzo zimbini, singanyamezelana noko, kodwa wonke umntu eluhlobo lokutsalela ndawonye. Kubusuku obuhlanu, ngokuthe ngqo, lonto ibiya kwenza kube nzima.

<sup>15</sup> Kwaye ndifuna ukudibana nabathenjwa kunye nabadala apha, ngelithuba ndiselapha.

<sup>16</sup> Oku kuyenzeka kuyo yonke indawo. Siphila kule mihla yokugqibela, apho iVangeli ingenako u—ukongama njengoko Ibifanele ukuba ibe nako. Ayinawo amalungelo Ibifanele ukuba inawo. Iyonke ithungelwe kwezopolitiko nezinto, kwaye kanye njengomanyano. Kwaye yiloo nto kanye ekugqibeleni eza kuyo, ngokuba uphawu lwerhamncwa lumelwe kukuba luze ngomanyano, siyazi. Ke thina—thina. . . Kuba, sisalelo, “akukho

mntu unokuthenga okanye athengise, ingenguye lowo unophawu lwerhamncwa.”

<sup>17</sup> Kwaye ngoku ndifuna ukufumanisa, ngabadala. Ndiziva ndikhokelwa. Andizange ndaba nokumlambela okunje uThixo entliziyweni yam, kubo bonke ubomi bam, kunokuba ndinako ngoku, yabona. Kuba... Kwaye ndi—ndifuna ukufumana eyiyeyam intente kunye nezam—nezam izinto, njengoko iNkosi yandinika umbono ukwenza njalo, kwaye ndiyakholwa ukuba nje ixesha ngoku lisondele. Kwaye ndifuna ukubona ngelithuba ndilapha, kutheni singenako ukufumana intente.

<sup>18</sup> Kwaye—kwaye ngoko xana sihambayo, njengokuza apha eJeffersonville, endaweni yokuba sibe nosuku nje okanye ezimbini, okanye ezintathu okanye iintsuku ezine, singaphumela phandle apha size simise le ntente, kwaye sibe nezimbini okanye iiveki ezintathu, uyabona, kwaye nje akukho mntu unokuthetha nto malunga nayo. Sisenokuthi mhlawumbi sithabathe ipaki yebhola, okanye, ukuba abayi kusivumela ukuba sikufumane oko, kukho umfama phandle apha uya kusivumela sifumane ifama. Siya kuqesha ifama size—size siyimise khona. Ekuphela kwento ekuya kufuneka nje siyenzile phaya, kuya kuba kukwenza ezethu—ezethu izakhiwo zangaphandle, na njalo njalo, kunye nezinto eziluncedo zethu. Kwaye oko kungenziwa nje ngokulula. Kwaye ngoko siya kuqalisa ukuba neenkonzo zethu ngolo hlobo ngokuba oko kungokombono ovela eNkosini, kwaye lonto imelwe kukuba yenziwe ngaloo ndlela.

<sup>19</sup> Kwaye ekungeneni, izolo, kwaye nasekufumaneni, uyazi, *oku, okuya*. Kwaye bendinyuka ngesitrato, kwaye umhlobo wam olungileyo ehamba naye phaya, wathi, “Molo, Billy.” Ndiye ndamkhangela, kwaye iinwele zimhlophe okwekhephu, *neso* sisu singako. Kwaye inkwenkwe inobudala obulingana nobam. Sasibaleka sijikeleza kunye, umfo oselula omhle, xana ndandingumntwana. Lonto iye yandenza ndabaluhlobo lokuziva ngokungaqhelekanga.

<sup>20</sup> Unyana wam omncinci, uJoseph, wathi, “Kutheni udakumbile, Tata?”

“Owu,” ndathi, “Andikwazi ukukucacisa kuwe, Joseph. Yabona, andikwazi, andinako ukukuxelela.”

<sup>21</sup> Kwaye ndikhangela ku-Elij’ Perry ohleli emva phaya, noNksk. UPerry; kubonakala ngokungathi izolo bebe sisibini esinentloko emnyama phandle phaya, behlala ebumelwaneni obukufuphi kum, xana sasine phenyane elidala, *Wahoo*, kwaye, ezantsi emlanjeni, size silobe ebusuku. Babone bobabini banentloko emhlophe, uyazi, lonto ithetha enye into, sisilumkiso esincinci eso sizayo, “Awusenalo ixesha elininzi.” Yabona?

<sup>22</sup> Ke, ndifuna yonke imihla yobomi bam ukuba ibale ngenxa Yakhe. Loo nto endiyishiyileyo, eloo xesha endinalo, ndifuna ukulichitha ndaweni ithile ndisenza into ethile, ukuba akukho

ngaphezu kokuba ndime ekoneni yesitrato, ndingqinela uzuko kunye nembeko kaThixo. Kwaye ndi—ndilapha ngenxa yaloo njongo.

<sup>23</sup> Kwaye ndinendawana efihlakeleyo apha phezulu kwaGreen's Mill, e-Indiana. Ayisosixeko, ngoku, yi—yintlango. Kwaye abantu abathile bayithabathile, kwaye abayi kukuvumela nokuba ubeke unyawo kuyo. Kodwa ndinomqolomba phaya lowo angasoze andifumane xana ndingenile kuwo. Ndingena kuwo ngexesha lasebusuku, kwaye akasoze azi xana ndingena okanye ndiphuma. Kwaye akawazi apho umqolomba ukhoyo, kwaye waye ngenakufika kwaye nokuba wawuphi na. Kwaye ndifuna ukuya ngaphaya kwaye ndithethe neNkosi, okwethutyana, ndiziva ukuba lonto iyimfuneko.

<sup>24</sup> Inkosikazi, ifuna ukuza, ifuna ukubuya kwaye ityelele ekuhlaleni apha, kunye noRebheka noSara, nabo, kunye nabahlobo babo. Kwaye sibuyele apha ngoku kwiiveki ezintathu ezilandelayo, kwaye ukuba iNkosi ithandle.

<sup>25</sup> Kwaye ndicinga, endaweni yokuba sizame ukuxinanisa abantu bonke kunye, ngenxa yaloo mihlangano apha emnqubeni...Kakade, lo ungowethu, ungowe Nkosi, isinike wona. Kwaye unesicwangcisimoya. Singathanda ukuba nenkonzo yakusasa ngeCawe, nenkonzo yasebusuku ngeCawe. Oko kuya kuvumela abantu ukuba babuyele kwindawo yabo, emva koko balinde kwakhona de kube yiveki elandelayo.

<sup>26</sup> Andicingi ukuba ndingathabatha kwaye—kwaye ndenze zobulungisa ngokusemthweni ekuthululweni kwezo Ngqayi ukugqibela, kuba zingomkhulu, omkhulu kakhulu uMyalezo kokuya. Kodwa bendingathandazela abagulayo, kwaye ndenze izinto ezo...Ndine Miyalezo, kananjalo, njengokuba iNkosi iya kundinika yona, ngenxa yebandla. Kuyo iveki, ndiya kuphumela phandle apha entlango ndaweni ithile kwaye ndifunde, ndibuye ngeCawe ngentsasa, sibe nenkonzo yakusasa ngeCawe ngolu hlobo, kunye nenkonzo yasebusuku ngeCawe. Owethu oyena unobubele umalusi omncinci, uMzalwana uNeville, ndiye ndambuza ukuba oko bekuya kwaneliseka na kuye. Oko kukuthabatha zonke iinkonzo zakhe kuye, kodwa yena wakuvuyela ngakumbi ukuzinikezela u—ukuya koko. Ndiye nje. . .

<sup>27</sup> UMzalwana uCaps, yena, ndiya qikelela, unomkhuhlane ojikelezayo, naye, kwaye ndiyabona ukuba uhambile, kunye—kunye noMzalwana uHumes. Kwaye iNkosi ibe noMzalwana uMann apha nje oya kuthabatha indawo kanye, kunye nendawo. Uyazi, ingaba oko akumangalisi indlela uThixo aya kwenza ngayo izinto? Usoloko ephethe yonke into ngexesha nje kanye. Ndiye ndenyuka ndaza ndeva umntu othile eshumayela. Ndathi, “Okoko akuyi... Ndiya kholwa...”

<sup>28</sup> UMzalwana uCapps, weza eTucson, kwaye ndicinga ukuba yamoyikisa kanye ngokukhawuleza, yayimalunga nekhulu elineshumi lamaqondo obushushu. Waye engafuni nto yakwenza nako oko, ke wemka, yena noMzalwana uHumes, baza benyuka ukuya ePhoenix. Kakade, likhulu elineshumi elinesihlanu ukuya kwishumi elinesithandathu, ishumi elinesibhozo phezulu phaya. Oko kwakusekubi ngakumbi, ke ndicinga ukuba wemka waya eTexas emva koko; yena, ezama ukufumana indawo.

<sup>29</sup> Kodwa akufuni Arizona ngeli xesha lonyaka, ndiyakuxelela. Bekulikhulu elinamashumi amane, ngenye imini, ngoLwesihlanu odlulileyo, ikhulu elinamashumi amane amaqondo obushushu, eParker. Kwaye kulapho uMzalwana uCraig, osuka ebandleni apha, ahlala khona. Kwaye ungaqhekeza iqanda, kwaye liya kuqhotseka ngaphambi kokuba libethe umhlaba. U, uyatsica kwaye—kwaye ukufuma kuhambile, kona nje... Akukho kufuma okanye kwanto, ngokwenene liziko lokubhaka ngeli xesha lonyaka. Kodwa ukusuka malunga noNovemba, uDisemba noJanuwari, kuya mangalisa. Kodwa xana kufika malunga noMatshi no-Epreli, kungcono uhambe ukuba awufuni kufuthaniseleka.

<sup>30</sup> Kwaye ke uMzalwana uCapps nabo kuye kwenzeka ukuba beze nje kanye ngeloo xesha, ntoleyo endicinga ukuba iye yabakhuphela ngaphandle. Ke mhlawumbi iNkosi yakwenza oko ngenjongo. Ndiya kukholwa oku, ukuba uThixo uya kulungelelanisa ukunyathela kwamalungisa. Ngamanye amaxesha kubonakala kunzima.

<sup>31</sup> Njengenye imini kolu hambo lokuya e-Afrika, ndandiqinisekile ukuba ndihamba ngokwentando kaThixo. Ngokuba, kunyaka odlulileyo, ndandisezantsi eMazantsi, ndibambe uthotho lwemihlangano, kwaye, bona—bona, ndacinga...

<sup>32</sup> Ndivela kulaa mbutho, bathi, “Ungeza, ngaMadoda angooSomashishini bamaKristu, kodwa asiyi kuba nanto yakwenza nalonto.”

<sup>33</sup> Ke, andifuni kuphosa loo madoda kanye kuyo lonto, uyazi, ndenze ingxabano. Ndi—ndifuna ukubenza bazive bekhululekile omnye komnye. Ke ndathi nje, “Ke...” Babhaleleni incwadi, ndathi, “Khumbulani, ndizamile ukungena e-Afrika iminyaka, kwakhona, ndiziva ukuba ulungiselelo lwam alukapheli e-Afrika. Andina...”

<sup>34</sup> Kutheni kuya kufuneka ukuba ndiye e-Afrika, xana ndinezintandathu, ezingamakhulu asixhenxe ezixeko kanye apha e-United States, zibiza, yabona, kanye apha, ngaphandle kokushiya iCanada, iMexico, okanye nayiphi na yezo ndawo? Kutheni kuya kufuneka ukuba ndifune ukuya phaya? Kodwa yinto ethile esentliziyweni yam, leyo inditsala ukuya e-Afrika. Phaya, abo bantu, kukho—kukho into ethile malunga nabo,

leyo endiyithandayo, kwaye ndifuna ukuya nje ngenxa yabantu abantsundu kuphela. Kwaye kukho into ethile kuninzi lwabo, ezo nkokheli, aziziva ndimelwe kukuba ndikwenze oko. Ndi—ndifuna ukuya kwizihlobo zam zabantsundu. Kulapho iNkosi indibizele khona. Kwaye ngoku baswele. Uninzi lwabo bantu, abo bantu bamhlophe, banokuba noogqirha nayo yonke into. Kodwa abo bantu bahluphekayo bomthonyama baphila phandle phaya, kwaye babole isiqingatha. Ndi—ndi—ndiziva ingathi ngabo ababonakala ngokungathi baya kuYamkela. Ngabo abo. Kukho into ethile emalunga nabo.

<sup>35</sup> Xana ufika endaweni, uhlakaniphe kakhulu ukuba wazi yonke into, ngoko uThixo akanakwenza nto ngawe. Kodwa ukuba ufika kwindawo leyo uzimiseleyo ukuphulaphula nokufunda, ngoko—ngoko lixesha likaThixo, angangena kwaye athethe kuwe.

<sup>36</sup> Kwaye ke ndababhalela incwadi ndayi buyisela, kwaye ndabaxelela. Kwaye ndathi, “Khumbulani, ngoMhla woMgwebo, makhe ezozandla zingamathambo ziphume emsini, zingwebe! Igazi labo malibe phezu kwenu, hayi kum, kuba ndizamile malunga neminyaka elishumi ukubuyela.”

<sup>37</sup> Ngoko xana ndathumela incwadi, ndabuya, Into ethile yathi kum, “Bona uSidney Jackson, thabatha uhambo lokuzingela.” Kwaye, kwangeloo xesha linye, iNkosi yathetha kuSidney Jackson, yathi, “Ngonyama eyondlekileyo elubhelu, uMzalwana uBranham umisa inkampu; eDurban, umhlangano omkhulu.”

<sup>38</sup> Ke, waye ngapha, kwaye wathetha nani apha. Kakade, sabhaptiza...Waye echasene kakhulu nolubhaptizo eGameni likaYesu Kristu. Kwaye inkosikazi yakhe yayigqithisile kunokuba waye njalo, yayi suka nje ihambe. Wawunga... Ndiyanixelela, andizange ndibone abantu abazinikeleyo ngolo hlobo. Babe nabalungiseleli abamalunga nekhulu elinamashumi amahlanu ngaphaya, ababhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, kwaye nje baya litshisa ilizwe. UMyalezo nje utshayela i-Afrika, kuyo yonke indawo, abakhweli beenqwelomoya namadoda amakhulu ayeza, ekubeni bebhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.

<sup>39</sup> Kwaye ke ndi, xana ndaqalisayo ukuya ngaphaya, ndiya nixelela, Andizange ndaba nezingako iinkathazo ebomi bam bonke, ukuzama ukuya kufika phaya. Kwaye ngoko emzuzwini wokugqibela, ngowona mzuzu wokugqibela wokuya, apha kwakubhaliwe ukunqumleza ivisa yam, “Awukwazi ukuzilungiselela naluphi na uhlobo lwenkonzo yenkolo; ungeza kuzingela kuphela.” Ke, ngoko, yayikrakra.

<sup>40</sup> Kodwa ndathi, “Andikhathali nokuba umtyholi wenza ntoni na, A—andinako...Andinakungqinela into eyathethwa nguMzalwana uJackson malunga nengonyama elubhelu, kwaye *noku, nokuya*, okanye *okunye*. A—andikwazi ukuyiqinisekisa.

Kodwa ndiyazi ukuba uThixo wandixelela ukuba ‘ndibone uSidney Jackson, kwaye ndiye kuzingela.’” Kwaye ndathi, “Ndiya hamba.” Kwaye ngelinye ixesha...Kwaye ndaba nolunye lwamahambo amakhulu kakhulu.

<sup>41</sup> Ndafumanisa ukuba yayiyintoni na inkathazo. Ngoku ndicinga, malunga no-Okthoba, iNkosi ithandile, ndingabuyela ndize ndibe nomhlangano nayo yonke into, intsebenziswano ezeleyo, yonke enye into, yabona, e-Afrika ngoku. Ndiye ndafikelela emazantsi ayo ndaza ndafumanisa ukuba apho yayikhona, yintoni eyayibangelayo. Phezulu apha, bebhala, lo *unoku* akuthethayo, kwaye into ethile inento ethile eyithethayo, kunye *nalo* phaya. Eyona nto ingcono inokwenziwa, kukuba yiya ufumanise, ngokwakho. Kwaye ndiyazi apho inkathazo yayikho, nokuba sasiyintoni na isizathu sayo; kwakungenxa yokuba abantu abaninzi kakhulu babehlanganisana kunye, urhulumente ubengekhe andivumele ukuba ndibe nawo.

<sup>42</sup> Ngoku ukuba aMadoda angooSomashishini abangamaKristu okanye nawuphi na umbutho, lowo ubunokusingenisa, ngoko urhulumente ngokuzenzekelayo... ngokuba ngumbutho umelwe kunye norhulumente, urhulumente uthumela ukhuseleko lomkhosi. Ukuba kuya kubakho amadoda angamashumi amabini anesihlanu aphuma kwihlelo elinye, amashumi amabini anesihlanu kwelinye, nangoko abasayi kukwamkela oko. Kufanele kube yi—yintloko yalo mbutho. Kwaye aMadoda angooSomashishini abangamaKristu ngumbutho ongakhethi nkonzo omele onke amabandla. UGqirha uSimon, intloko yabo ngaphaya, indoda elunge kakhulu, ndimelwe kukuba ndihlangane naye kwaye ndithethe naye. Kwaye bathabatha imihlangano, kwaye onke amanye amabandla aya kuhlnganisana ndawonye. Yabona? Kwaye ndiya kholwa ukuba siya kuba neyona mihlangano mikhulu kakhulu leyo yakha yabanjwa e—e-Afrika.

<sup>43</sup> Kodwa inqaku lam bekuleli, xana usazi ukuba u—uzama ukwenza loo nto ilungileyo, into yokuqala kukuba, ukuba uziva ukhokelelwa ekwenzeni nantoni na, ngoko yikhangele ngeLizwi kwaye ubone ukuba ihambelana kunye neLizwi na, kwaye ngoko ungavumeli nantoni na ukuba ikumise. Andikhathali nokuba mangaphi na amavili umtyholi awaphosayo endleleni, suka nje uhambe kanye phezu kwawo.

<sup>44</sup> Ndiye ndaxelela inkosikazi yam ndaza ndaxelela uMzalwana uWood, xana ndifika apha, kunye nezinye izihlobo ezo endiye ndahlangana nazo izolo: Ndiye ndaba neminyaka emihlanu apha leyo endandingazi nje loo nto emandiyenze. Kuye kwaba lelo—lokuphakuzela...Yabona, imvuselelo ngokwayo, phakathi kweecawe, yayifile. Wonke umntu uya kwazi oko. Niya yiva kulo mnquba. Niya yiva kuyo yonke indawo. Kukho ukubetha, imvakalelo efileyo. Kukho nje into ethile engalunganga. Kungenxa yokuba umdla wemvuselelo uhambile

wesuka ebantwini. Yiya kungena ezicaweni, uya kubabona behleli phaya. Kwaye umalusi uphatha eyeka ukwenzela umyalezo kunye nento ethile enye. Kwaye into yokuqala uyazi, uyiguqulela kuhlobo oluthile lwetheko abaya kuba nalo, okanye into ethile. Kubonakala ngathi kukubetha okufuleyo kuyo yonke indawo.

<sup>45</sup> UBilly Graham uye wayiqaphela lonto; u-Oral Roberts. UMnu. U-Allen uye waba neenkathazo ezithile, njengokuba nisazi. U-Oral Roberts uneza zakhiwo ezingamashumi amahlanu ezigidi zeedola, na njalo njalo, phaya. Unesikolo. Kwaye, ke, akukho mntu usentsimini ngoku.

<sup>46</sup> Ndemka apha, ngombono, ukuya ngaphaya eTucson, ukuya kubona oko iNkosi eyayifuna ukuba ndikwenze. Phaya Yahlangana nam phezulu phaya, njengokuba Yanixelelayo apha ukuba Iya kuyenza lonto, kunye nobume beeNgelosi ezisixhenxe, kwaye yathi mandibuyele emva kwaye Amatywina Asixhenxe ayeya kuvulwa. Oko koko kanye kwenzekayo.

<sup>47</sup> Yathi, ngenye imini noMzalwana uWood xana waphumayo phaya, saya kwa kuloo ndawo inye, ndaza ndaphosa ilitye phezulu, lehla, Yathi, “Phakathi kwemini nobusuku, uya ku . . .” Amanye, ndiya walibala nje ukuba loo magama ayeyintoni na. “Uya kubona uzuko lukaThixo.”

<sup>48</sup> Kwaye ngosuku olulandelayo, isitshingitshane sehla siphuma ezibhakabhakeni, kwaye siyalazi ibali lwalonto eyenzekayo. Xana senyukayo, babuza ukuba sasiyintoni na. Ndathi, “Sithethe amazwi amathathu, kuqhushumbo olukhulu olukathathu.” Amadoda eva kuphela ukuqhushumba. Ndayiqonda into Olwaluyithetha. Kwaye lwathi, “‘Umngwebo ubetha uNxweme lwaseNtshona!’” Kwiintsuku ezimbini emva koko, i-Alaska yaphantse yatshona. Bekududuma ngeenxa zonke, iinyikima zomhlaba, yonke into. Nje zikhangele, yonke imihla, iinyikima zomhlaba ziya shukumisa kuyo yonke indawo.

<sup>49</sup> Umhlangano wam wokugqibela, umhlangano wokugqibela endibe nawo, lo kuya kuba nguMyalezo wam wokuqala, ngenene, ukuba ndishumayeke ukusukela ngoko. Ndandishumayela e-Los Angeles, kwiHolo yaseBiltmore, kwaye ndandithetha ngendoda ezikhethela umfazi. Mhlawumbi ninayo iteyiphu yawo. “Uyi,” ndathi, “Ubonakalisa isimilo sayo kunye nokuzimisela kwayo.” Ukuba, xana indoda ithabatha umfazi, ithabatha intombazana encinci, ize ibe yinkosikazi yayo; ithabatha, uyazi, intombazana yalemihla yangoku leyo inguRicketta oqhelekileyo, lonto—lonto nje ibonisa loo nto iyiyo . . . Ukuba itshata ukumkanikazi wobuhle okanye ukumkanikazi wesondo, nokuba uyintoni na, lonto ibonisa yona, loo nto eneneni ingaphakathi kwendoda. Kodwa umKristu, ukhangela isimilo emfazini, ngokuba iceba ikhaya langomso kunye naloo mfazi. Iceba, ifumana umenzi wekhaya. Kwaye ndathi, “Ngoko, uKristu, ngokweLizwi Lakhe

apha, usixelela ukuba liyakuba yintoni iKhaya lethu langomso. Loluphi uhlobo lomfazi Ayakumnyula ngoko, ihenyukazi lehlelo? Nakanye! Uyakukhetha umfazi onesimilo seliLizwi Lakhe, kwaye lowo uya kuba nguMtshakazi.”

<sup>50</sup> Kwaye ngelithuba ndiphaya, Into ethile yandibetha, kwaye andizange ndazi nto malunga nemizuzu engamashumi amathathu. Kwabakho isiprofeto esaphumayo. Into yokuqala endiyikhumbulayo, uMzalwana uMosley kunye noBilly, ndandiphandle esitratweni, ndihamba. Kwaye Yathi, “Wena Kapernahum, wena uzibiza ngegama leeNgelosi,” leyo yiLos Angeles, sixeko sengelosi, yabona, iingelosi, “eso siziphakamisele ezulwini, uya kuziswa ngaphantsi esihogweni. Kuba, ukuba imisebenzi yamandla yayenziwe eSodom, leyo yenziweyo kuwe, inge isamile kude kube namhla.” Kwaye konke oko kwenziwa ngaphandle kokuqonda, kum. Yabona?

<sup>51</sup> Kwaye indlela nje endaye ndagqiba ngayo ukukhuthaza, ngoKristu, ndiMphakamisa kwaye ndixelela ibandla. Ndathi, “Nina bafazi, akunamsebenzi nokuba ndizama kangakanani na ukuza kuni, okanye ukushumayela ngokuchaseneyo nezi zinto; nani madoda, nina bashumayeli; nihlala nikhohlisiwe ngalo lonke ixesha, nisenza nje kwaloo nto ikwanye. Nihamba phezu kwaLo ngokungathi iLizwi likaThixo lalingento.”

<sup>52</sup> Kwaye xana ndakuqondayo oko, ndahamba, ndathi, “Kukho iSibhalo malunga noko ndaweni ithile.” Kwaye ndahamba ndaza ndafumana ukuba yayinguYesu, ekhalimela iKapernahum ngaselunxwemeni lolwandle. Ngobo busuku ndakhangela eZibhalweni. Ndeza ekhaya, ndafumana incwadi yembali; kwaye iSodom neGomora ngaxesha lithile yayi si—sisixeko esiphumelelayo, ikomkhulu leeNtlanga lehlabathi. Kwaye uyazi, eso sixeko, ngenyikima yomhlaba, santywila kuLwandle oluFileyo. Kwaye uYesu wema, waza wathi, “Kapernahum, ukuba iSodom yayenzelwe imisebenzi leyo eyenziwayo kuyo leyo eyathi yenziwa kuwe, ibiya kuba isemile nanamhla. Kodwa ngoku kufuneka ukuba uhliselwe ezantsi esihogweni!” Kwaye malunga namakhulu amabini okanye amakhulu amathathu eminyaka emva kwesiprofeto Sakhe, kunye nazo zonke ezo dolophu eziselunxwemeni, zonke ngazinye zisemile ngaphandle kweKapernahum, kwaye ilele emazantsi olwandle. Inyikima yomhlaba yayintywilisa elwandle.

<sup>53</sup> Kwaye ngoko ndiprofeta, “ILos Angeles iya kuba semazantsi olwandle.” Kwaye ndeza ekhaya, ndaza ndaya e-Afrika. Kwaye ngelithuba ndandise-Afrika, baba nenyikima yomhlaba. Kwaye iinzululwazi... Niyibonile, yayikusasazo, ukuba amanye amakhulu, amakhaya amahle awela ngaphakathi, eLos Angeles, nendlu yokulala esecaleni kwendlela, na njalo njalo. Kwaye ngoku kukho i. . .

<sup>54</sup> Ukusukela kuloo nyikima yomhlaba, kukho ukuqhekeka

kwee-intshi ezimbini okanye ezintathu oko kuphuma emhlabeni, kuqalisa e-Alaska, kujikeleza iZiqithi ze-Aleutian, kuphuma malunga nekhulu elinamashumi amahlanu okanye amakhulu amabini eemayile elwandle, kubuyela phezulu eSan Diego; kuthabathe iCalifornia, okanye iLos Angeles, kwaye kuphuma kwakhona nje ngaphantsi kwenxalenye yomntla weCalifornia phaya, indawo encinci ebizwa ngokuba yiSan Jose, kanye ngaphantsi phaya.

<sup>55</sup> Kwaye le nzululwazi yayithetha, ekubeni ikudliwano ndlebe. Sasibukele kumabonwakude. Kwaye yathi, “Ngaphantsi koko kukho nje udaka olubilayo.” Kwaye yathi oku, yathi, “Elo liqhekeza eliya kuqhawuka lohlukane,” kwaye yathi, “kwaye liya kwenza njalo.” Kwaye olu dliwano- . . .

<sup>56</sup> Indoda, inzululwazi isenza udliwano ndlebe nale nzululwazi iyintloko, yathi kuyo, yathi, “Ke, oko ngoko konke kungantwila?”

Yathi, “Kunga? Kunyanzelekile!”

Yathi, “Ke, kakade, kuya kuba mhlawumbi yemininzi, emininzi iminyaka ukususela ngoku.”

Yathi, “Kusenokuba kwimizuzu emihlanu ukususela ngoku, okanye kungaba kwiminyaka emihlanu ukusuka ngoku.” Yasuka nje yayabela iminyaka emihlanu.

<sup>57</sup> Kodwa nje kanye ngokuqinisekileyo njengokuba ndandimi phaya phantsi kwaloo Mpembelelo, ndabeka umgwebo kolwaa Nxweme lwaseNtshona, kwaye emva koko salandelwa kanye phezulu apha kukuntywila kweLos Angeles, ihambile! Kunjalo oko. Kuya kwenzeka. Nini? Andazi.

<sup>58</sup> Kodwa, owu, yintoni eyenzekayo? Uyazi, sinamazwekazi amathandathu kuphela ngoku. Sasinasixhenxe, elo elazika phakathi kwe-Afrika ne-United States. Owu, liyimbali, niyazi malunga nalo. Ngoku, ukuba elo liyehla, ngoko ndifuna nikhangele ukuba nini na . . .

<sup>59</sup> Le yayiyintshumayelo leyo endashumayelayo ngayo xana, ndiya kholwa, uMzalwana u-Elij’ Perry isenokuba waye lidikoni apha ebandleni ngeloo xesha, ngako konke endikwaziyo. Kodwa sathi, “Ixesha liya kuza . . .” Andizange ndikwazi oko de uNksk. Simpson wandizisela i-intshumayelo ngenye imini. Kwaye ndandinaso sibhalwe encwadini encinci, ukuba, “Intlango . . .” okokuba, “Ulwandle luya kulila indlela yalo ukuya kungena entlango.” Leyo yayiyiminyaka engamashumi amathathu eyadlulayo.

<sup>60</sup> Kwaye, kakade, iSalton Sea imalunga namakhulu amabini eemitha ngaphantsi komphakamo wolwandle, kwaye ukuba oko kubila kukhulu, loo mhlaba ugwinyeka ngolo hlobo, ngamakhulu ezikwere zeemayile, amakhulu namakhulu ezikwere zeemayile zizika emhlabeni, oko kuya kuphosa

iliza elukhulu ukuya kutsho e-Arizona. Ngokuqinisekileyo, kuya kwenza njalo.

<sup>61</sup> Owu, sisekupheleni kwexesha, iyure ezukileyo, ukubonakala kweNkosi uYesu! Yathi, “Kuya kubakho iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo, nokudideka kwexesha, uxinzeleleko phakathi kwezizwe, iintliziyo zamadoda zisilela luloyiko.” Yathi, “Xana ezi zinto ziqalisa ukwenzeka, phakamisani intloko yenu, intlangulo yenu iyasondela.” Owu, bethu!

Izizwe ziya qhekeka, uSirayeli uyavuka,  
Imiqondiso leyo abaprofeti abayixela  
kwangaphambili;  
Imihla yeeNtlanga ibaliwe, ngeenkxwaleko  
ezinzima ezininzi;  
“Buyani, Owu nina zintsali, niye kowenu.”  
(Qinisekisini ukwenza oko!)

Olwaa suku lwentlangulo lusondele,  
Iintliziyo zamadoda ziya silela luloyiko;  
Zaliswani nguMoya kaThixo, yibani nezibane  
zenu zilungisiwe kwaye zicacile,  
Khangelani phezulu! Intlangulo yenu isondele.  
(Kunjalo oko.)

Abaprofeti bobuxoki bayaxoka, iNyaniso  
kaThixo bayayi khanyela,  
Ukuba uYesu Kristu unguThixo wethu;

<sup>62</sup> Niyawubona umfanekiso ngenye imini, indlela Eyawujikela ecaleni ngayo laa mfanekiso phaya? Kwaye kwaloo mfanekiso wezo Ngelosi zisixhenxe ekubeni ziphakanyiselwe phezulu, wujikele ecaleni ngakwesokunene, kwaye nabo ubuso beNkosi uYesu bukhangele ezantsi emhlabeni kwakhona.

<sup>63</sup> Niyakhumbula xana ndandishumayela *Izigaba Ezisixhenxe Zabandla*, andizange ndaqonda ukuba kutheni uYesu emi phaya ene “mhlophe” phezu kwentloko Yakhe. Waye nguMfana. Ndakubuyisela emva eBhayibhileni, yathi, “Wafika kuNyange leMihla, Lowo onwele zazimhlophe njengoboya.” UYesu waye eneminyaka engamashumi amathathu anesithathu anesiqingatha kuphela ubudala, ekubethelelweni Kwakhe.

<sup>64</sup> Ndatsalela umnxeba uMzalwana uJack Moore, umfundisi wezakwalizwi. Wathi, “Owu, Mzalwana uBranham, lowo nguYesu ekwinqanaba Lakhe oluzukisiweyo.” Wathi, “Emveni kokufa Kwakhe, nokungcwatywa, kunye novuko, Waguqkela ekubeni koko.” Oko kuvakala kulungile kumfundisi wezakwalizwi, kodwa akuzange khambe kakuhle, akuzange kubethe into ethile.

<sup>65</sup> Ndenyukela phaya ndaza ndaqalisa kweso sigaba sokuqala sebandla, phaya uMoya oyiNgewele wakutyhila. Ngoku nikufumene kanye kwi*Zigaba Zebandla* zenu. Ndiyaqikelela ukuba iincwadi ziya kuphuma kungekudala kwakamsinyane

ngoku, iinkcukacha ezeleyo yoko. Kwaye yayibonisa ukuba uYesu waye nguMgwebi. Kukho iwigi emhlophe leyo ababedla ngokuyinxiba, bafake iwigi kwaye ayinxibe njengomgwebi, iNgilane isayenza lonto xana unegunya eliphakamileyo. Kwaye oko kujikela ecaleni kulo mfanekiso, nankuYa, iinwele Zakhe ezimnyama, ungazibona ecaleni leendevu Zakhe, kunye newigi emhlophe ngaphezulu. Ungowokugqibela egunyeni, UliGunya eliPhakamileyo. Nkqu noThixo watsho njalo, ngoKwakhe, “Lo nguNyana waM oyintanda, mveni Yena.”

<sup>66</sup> NankuYa nezo Ngelosi, uMyalezo, lowo owawukukunqikwa kwaloo matywina asixhenxe lawo atyhila *imbewu yenyoka* nazo zonke ezi zinto apha. Kwaye ibonisa ukuba sesona sigqubuthelo Sakhe, li—liGunya Lakhe eliPhakamileyo. UngoPhakamileyo, kwaye Uthweswe iwigi, okanye—okanye ugqubuthelwe. IBhayibhile yathi Wabuguqula ubuso Bakhe, okanye Waziguqula ngoKwakhe, *en morphe*. Igama livela kwigama lesiGrike, *en morphe*, ntoleyo ithetha umdlali qonga wesiGrike lowo udlala iindawo ezininzi; namhlanje uyinto ethile, kwisenzo esilandelayo uyinto ethile eyenye. Waye enguThixo, uYise, kwesinye isenzo; uThixo, uNyana, kwesinye isenzo; aze ngoko abe nguThixo, uMoya oyiNgcwele, kwesi senzo. Yabona? NankuYa, iLizwi Lakhe lisaPhakamile. Siphila kwimihla yokugqibela.

<sup>67</sup> Ekubuyeni ndivela e-Afrika ngenye imini, ndandiluhlobo lokudinwa. Uyabona, lixesha nje lasebusuku phaya ngoku, kwaye kufuneka ukuba ujike. Kwaye ngoko ngexesha endajika ngalo, ndibuyela umva kwakhona. Saba nohambo olumangalisayo, uhambo lokuzingela, olunye lwawona angcono endakha ndaba nawo ebomini bam. Ngoko uBilly unemifanekiso ethile, mhlawumbi uya kuba nexesha lokuyibonisa ndaweni ithile, kwaye anibonise uhambo.

<sup>68</sup> Ndaba nephupha. Ndisoloko ndiphupha ngokubuyela kulaa Nkampani yeNkonzo zikaWonkewonke, ngandlela ithile. Ke nda—ndandicinga ukuba ndandiluhlobo lokungenzi kakuhle emsebenzini, endandimelwe kukuwenza... Bandivumela nje ukuba ndibe neyiyeyam indlela, kwaye ndacinga ukuba bendiya kuwenza... Endaweni yokuphumela ngaphandle ndize ndihambe emgceni okanye ndiqokelele amatyala, okanye into ethile endandimelwe kukuyenza, nje ndathi, “Ke, ndingumphathi ongowam,” ndasuka ndayokuqubha. Kwaye ndehlela phaya ndaza ndakhulula ezam... ezi mpahla, ndanxiba iimpahla zam zokuqubha. Ndandindodwa. Kwaye ndacinga, “Ndathi, oku akulunganga, inkampani... Eli lixesha lasemini, inkampani iya ndihlawula ngeli xesha.” Ndacinga, “Oko akuqhelekanga.” Kwaye ngoko ndacinga, “Ke, imali endiyiqokeleleyo endleleni...” Ndandinako kokubini ukujikeleza kunye nomsebenzi zixutywe kunye, kwaye ndathi, “Ke, imali endiyiqokeleleyo, ndenze into ethile,

ndizula apha; ndilahlekelwe ngawo onke amatikiti am, kwaye ndinemali yabo kunye nemali yam ixubene kunye. Ngoku ndiya kwazi njani ukuba ngubani ohlawule ityala?” Ndacinga, “Nje ngokuba andizange ndaba nakuhoya!” Ndacinga, “Oko akulunganga. Kukho into enye kuphela kum emandiyenze, oko, kukuba ndibuyele kumphathi wam kwaye ndimxelele.” Lowo yayinguDon Willis, ndathi, “Don, ndilahlekelwe ngaloo matikiti. Ngoku nantsi yonke imali endinayo, kwaye nantsi imali yabo, kunye. Yishiye apha kumhlawulisi. Kwaye abantu, xana bangenayo, baya kwamkela irisithi yokuba ndiye ndamkela ityala labo.”

<sup>69</sup> Mhlawumbi abantu abahleliyo kanye apha abo ndi—ndi...Ndiyazi ukuba bakho. Abo endandiqokelela kubo nge—ngemihla, kwaye ndandiya...kwaye ndandiya kunika irisithi. Uyazi, kwakulishumi lepesenti kuphela ukuba uvumele ityala lakho ligqithe. Kwaye mhlawumbi, idola enesiqingatha, kube zisenti ezilishumi elinesihlanu ngaphezulu. Uninzi lwabo bantu lwaphila...Sasithanda nje ukuba kunye kwaye sithethe, kwaye nje babeya kuliyeka ityala labo lihambe, kwaye mna ndize ndithethe kubo okwethutyana. Nika iisenti ezilishumi elinesihlanu, uyazi, nje ukuze uhlale phantsi uthethe okwethutyana, nokuqokelela ityala labo. Ke wona akhula, aze nje aba maninzi kakhulu amatyala andizange ndikwazi ukuwaqokelela.

<sup>70</sup> Ke, ndacinga ukuba kukuphela kwendlela endinokwenza ngayo. Ndaze ndavuka.

<sup>71</sup> Indawo apho sasihlala khona, uDade uLarson, andicingi ukuba ulapha, ube nobubele kakhulu kuthi; kwaye akathandi ukuba ndikuthethe oko. Kodwa ulinenekazi elilunge kakhulu, kwaye besihlala emagumbini akhe. Ubeneendawo zokuhlala ezimbini, iindawo zokuhlala ezincinci zidibene, saye saziqesha zombini. Kwaye inkosikazi kunye nam ndilala ngapha kwe—kwenye indawo yokuhlala apho ndandiluhlobo lokwamkela abantu xana ndikwazi, kwaye kukho oomandlalo abaliqela abahamba ngabubini abancinci phaya.

<sup>72</sup> Ndavuka, waye ngekavuki okwangoku, kwaye emveni kwethuba, wavuka, kwaye ndamwangawangisela ngaphaya kuye, waza wakhangelana ngasemva kwaye waqhwanenza amehlo akhe izihlandlo ezimbalwa, ndathi, “Ulele kamnandi?”

Wathi, “Hayi.”

Kwaye ndathi, “Ndiye ndaba nelona phupha loyikekayo. Bendibuyele kulaa Nkampani yeNkonzo kaWonkewonke kwakhona.” Ndathi, “Ndenze ntoni na?”

<sup>73</sup> Ndiyakhumbula, njengenkwenkwe encinci, okanye umfana, ndandihamba zonke ezo ntambo eSalem, e-Indiana, ngokwahlukileyo...Ndandiya kungena, ndithenge i—isidlo sakusasa, mhlawumbi isitya se-oats. Kweloo langa lishushu

nayo yonke into, kwaye nje kwakuya kundigulisa, ukutya isidlo sakusasa. Ndandiya kuthabatha iisenti ezilishumi, kwimali yam encinci. Umphathi wehla kwaye wathi, wathi, “Uyazi yintoni abayithethayo ku—kumhlangano? ‘Ngubani laa ntloko lukhuni uthabatha ishumi lesenti, kwisidlo sakusasa?’” Wathi, “Ubuncinci bekufuneka uthabathe amashumi amahlanu eesenti.” Ngoku, nonke niyazi, amashumi amahlanu eesenti yayisisidlo sakusasa esikhulu ngaloo mihla.

Kwaye ndathi, “Ke, andityi kangako.”

Wathi, “Ke, bonke abanye bathabatha amashumi amahlanu eesenti. Ubufanele ukuthabatha amashumi amahlanu eesenti.”

Ndathi, “Ke, andiwasebenzisi.”

Wathi, “Wathabathe, nakanjani na.” Lowo yayiyingumphathi wam.

<sup>74</sup> Ke, ndacinga, “Ke, yintoni na endinokuyenza? Kufuneka ndibize amashumi amahlanu eesenti, kwaye nditya ishumi leesenti.” Ke ndandisiya phandle esitratweni ndize ndifumane abantwana abathile abancinci abo ababengenaso isidlo sakusasa, kwaye ndibafumanele isidlo sakusasa esixabisa amashumi amane eesenti.

Ke ngoko ndacinga, “Ke, yintoni ebendiya... Mhlawumbi leyo yilonto Ayibambileyo nxamnye nam.”

<sup>75</sup> Kwaye ndiyakhumbula, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, beza behamba bejikeleza, bakrazula laa mva weyadi ngasemva phaya, kwaye bathi, “Hlawula ityala lakho.” Uyazi ukuba banamalungelo okujikeleza, kodwa kufuneka bahlawule ngenxa yomonakalo.

<sup>76</sup> Ndabhala nje ndaphendula ndaze ndathi, “Anityali kwanto.” Ndacinga, “Ukuba baya kuhlawula loo mashumi amane eesenti. Mhlawumbi ndandichithe amashumi amabini okanye amashumi amathathu eedola ngeloo xesha, ndizinika abantwana. Mhlawumbi oko kuya kuyenza lonto.” Ndaqhubeka ndiphupha.

<sup>77</sup> Ngoku ndandinomthi omkhulu phandle phaya, abantwana babedlala phantsi kwawo, kwaye abajikelezayo... Ngoku babejikeleza ngenqwelo ntaka. Kwaye ke wangena waza wathi, “Billy, kuthini malunga nokugawula laa mthi?”

<sup>78</sup> Ndathi, “Hayi, musa ukuwugawula. Siya kuwulungisa.” Ndathi, “UMzalwana uWood kunye nam siya kuwuthena.”

Wathi, “Ke, ndiya kufumana nje indoda ize ngapha kwaye iwuthene.”

Ndathi, “Ngoku, musa ukuwugawula.”

Wathi, “Andiyi kuwugawula.”

<sup>79</sup> Ndahamba gohambo. Xana ndibuyayo, wawugawuliwe ukuya emhlabeni. Ngoko ndamangalelwa, uyabona. Ndathi,

“Ke, Nkosi, oku kuya kuyicacisa, ndiyazi.” Ke ndakucima oko, oko kwakulungile, nje kuyeke kuhambe. Ke, ndisayiphupha lonto.

<sup>80</sup> Xana ndavukayo ngenye intsasa, ndathi, “Ke...” Into yokuqala esiyenzayo ngentsasa xana sivukayo, kukuthandaza kunye, emva koko sithandaze xana sisiya kumandlalo ebusuku. Kwaye emva kokuba eye waqhubeka ukuya kulungiselela abantwana isidlo sakusasa, ndaqalisa ukuthandaza. Ndathi, “Nkosi, ndimele ukuba ndiye ndaba ngumfo ombi. Yintoni endiyenzileyo ebomini, ukuba a—andikwazi ukusuka kulaa Nkampani yeNkonzo kaWonkewonke.”

<sup>81</sup> Ndangena ndaze ndahlamba, kwaye ndabuya ndaphuma. Kwaye into ethile nje yakhangeleka isithi kum, “Mhlawumbi andiwenzi kakuhle umsebenzi *Wakhe*.” Ndacinga, “Apha kumalunga neminyaka emihlanu andizange ndenze kwanto, nje ndilindele kuYe.”

<sup>82</sup> Ndimi phezulu phaya ngenye imini. Basakhela ikhaya elitsha phezulu phaya, kwaye uMzalwana uMosley wehla, wayethetha malunga nalo. Ndathi, “Eso nje sisipho esincinci esivela kuBawo.” Kwaye waqalisa ukulila. Ndathi, “Uyabona, Wathi, ‘Ukuba niya kushiya amakhaya enu, izindlu, imihlaba, ootata, oomama, Ndiya kuninika izindlu, imihlaba, ootata, oomama, nokuphindwe kalikhulu kobu bomi, noBomi obunguNaphakade obuya kuza.’” Ndathi, “Yabona, kwafuneka ukuba ndiwushiye umnquba lowo endiwuthanda kakhulu kangako. Ikhaya lam elo iNkosi eyandinika lona phezulu phaya, kwafuneka ukuba ndilishiye. Yena nje wandibuyisela eli.” Ndathi, “Uyamangalisa, uyabona.” [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Waza waqalisa ukulila.

<sup>83</sup> Ke, nda—ndathi, “Kwafuneka ukuba ndiphumele apha kwaye ndizahlule, ndize kulentlango.” Kwaye ndacinga, “Ndiyazibuza ukuba kutheni uThixo eya kundizisa entlango, phandle apha apho kungekho nto ngaphandle koonomadudwane kunye namacikilishe amakhulu anetyhefu?”

<sup>84</sup> Akuyontlango kuphela, kushushu, kodwa nangokomoya yintlango. Owu, bethu! Akukho bomi bokomoya konke konke, ezicaweni, zichasile...Ngokuba, awuzange wayibona into enjalo ebomini bakho! Asinalo nkqu nebandla esinokuya kulo, okanye kwanto. Kwaye ngoko xana...Abantu baphantse batshabalala, ngokomoya. Ndiye ndaqaphela ebantwini abo abaphumela phandle phaya, ndabona iyantlukwano kubo, ndiyikhangele.

<sup>85</sup> Kwaye ke hlalani phantsi koMoya kaThixo, kwaye ubomi benu buya kuba mnandi, buthambe, njengokuba amanzi ezisa le ngca kunye neencakuba ezithambileyo. Ukuba...le ngca, e-Arizona, ibingekhe ikhule; le mithi ibiya kuba yimithana yameva, loo magqabi nje asuke ajikeke aze enze ameva.

Leyo yindlela ekuyiyo xana usoma ebandleni, wonke umntu uhlabana nomnye, uyazi. Kwaye, yabona, umelwe kukuba ube nathambileyo amanzi wemvula akuthambise, kwaye enze amagqabi nomthunzi ukwenzela umhambi ngezonzulo lowo udlulayo.

<sup>86</sup> Kwaye ke Into ethile yathi kum, “Mhlawumbi awuwenzi kakuhle umsebenzini kaThixo.” Ke, ndathandazela umbono.

<sup>87</sup> Kwaye uMeda nje wayendifumanele iBhayibhile entsha; kunye noMzalwana—noMzalwana uBrown, ovela phezulu e-Ohio, wandifumanela iBhayibhile entsha; bobabini ngaxeshanye, ngeKrisimesi. Ndaya ndathabatha enye yeeBhayibhile ezintsha. Ndathi, “Nkosi, ngemihla eyadlulayo, Wawune-Urim kunye neTumim.”

<sup>88</sup> Ngoku phulaphulani, makhe ndithethe oku. Kakade, abawu . . .oku, abawushicileli lo mhlango, isizathu sokuba ndibuze . . .ndithethe oku. Makhe ndithi, musani ukwenza oku. Akuyonto ilungileyo.

<sup>89</sup> Kodwa ndathi, “Nkosi, yayidla ngokuba njalo, xana umphuphi ephupha iphupha, ukuba babethe balithabatha behla ukuya kwi-Urim kunye neTumim, baza balixela. Kwaye ukuba i—ukuba i-Urim kunye neTumim zabuya zadanyaza izibane, ukuKhanya kwamandla angaphezu kwendalo, iphupha laliyinyani.” Ndathi, “Kodwa obo bubingeleli kunye nalo Urim kunye neTumim buphelisiwe. IBhayibhile Yakho yi-Urim kunye neTumim ngoku; Nkosi, yanga ndingangaze ndikwenze oku kwakhona. Kodwa ndiKucelile ndaza ndathandaza kuWe, ukuba undinike umbono, uthethe kum malunga nokuba kutheni ndiphupha la maphupha. Kwaye yintoni endiyenzileyo? Ukuba ndenzakalisile, ukuba ndenze nantoni na kuye nawuphi na umntu ehlabathini, undazise. Ndiya—ndiya—ndiya kuya ndiyilungise. Ukuba ndityala iNkampani yeNkonzo zikaWonkewonke, ukuba ndenze into ethile ephosakeleyo kubo okanye nawuphi na ongomnye umntu, ukuba ndenze into ethile engalunganga kuWe, undazise. Ndi—ndifuna ukuyilungisa.”

<sup>90</sup> Masiyilungise kanye, ngoku. Musa ukulinda kude kube semva kwethuba, kusenokuba kamva kakhulu. Masiyenze ngoku.

<sup>91</sup> Kwaye ndathi, “Ngokuqinisekileyo, kukho into ethile kweli Lizwi likaThixo, ukusuka kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo, ukuba othile umlinganiswa phaya lowo Owasebenza naye, oyakuba kwisiseko esikwa sinye neso esiya kuba ngumbuzo wam. Ukuba umntu othile wenze into ethile, kwaye—kwaye Wamlandela malunga nalonto, ngoko ndivumele ndityhile kuloo ndawo eBhayibhileni. Kwaye ukuba umntu othile, nantoni na abayenzileyo, iya kungqiyama endleleni yam. Apho ndenze khona ngokuphosakeleyo, okanye into ethile leyo Ufuna

ukuba ndiyenze, okanye endingayenzanga, makhe ndibone umlinganiswa othile eBhayibhileni ongolo hlobo.”

<sup>92</sup> Kwaye ndavala amehlo am, nje ndayeka iBhayibhile yavuleka, ndabeka umnwe wam eSibhalweni, iGenesis 24:7. U-Eliyezere, umkhonzi ka-Abraham othembekileyo, umkhonzi ongumzekelo weBhayibhile, ekubeni wathunyelwa ukuba aye kuzingela umtshakazi ka-Isake. Ukubanda kwabaleka phezu kwam. Ngokuqinisekileyo, lowo ngowam. . . oko kukanye nawo wonke uMyalezo wam, ukukhupha uMtshakazi.

<sup>93</sup> Wathi, “Funga ukuba awuyi kuthabatha mtshakazi ukuphuma kwaba, kodwa yiya kubantu abangaba kowethu.”

Wathi, “Kuthini na ukuba umfazi akayi kuza kunye nam?”

<sup>94</sup> Wathi, “Ngoko woba ukhululekile kwesi sifungo.” Wathi, “Kwaye uThixo weZulu uya kuthuma iNgelosi Yakhe phambi kwakho, ukuba ikwalathise.” Waya kanye ngqo phandle waqalisa ukuthandaza, waza wahlangana noRebheka omhle lowo owaba ngumtshakazi ka-Isake.

<sup>95</sup> Nje uMyalezo ogqibeleleyo, buyela eLizwini, “Hamba uye kufumana laa Mtshakazi!” Lowo ngumsebenzi. Yiloo nto endilapha ngenxa yayo. Oko yiloo nto endizama ukuyenza, kukubizela ngaphandle uMtshakazi.

<sup>96</sup> Khumbula eCarlifonia phaya, olwaa dliwano ndlebe loMtshakazi, umboniso wangaphambili, bendinawo apha. Indlela loo Mtshakazi aweza ngayo kuqala, ndaza ndaMbona edlula. Ngoko naku kusiza uNkosazana Melika, uNkosazana Asiya, nabo bonke, owu, eyona nto ikhangeleka isoyikeka! Kwaye ngoko kwaloo Mtshakazi mnye wadlula kwakhona. Omnye wabo waphuma kwisingqi, kwaye ndandiMbuyisela kwisingqi; ababini babo, yayingabo. Kwaye oko yiloo nto endandimelwe kukuyenza, ukugcina laa Mtshakazi kwisingqi, ndizingele laa ndoda.

<sup>97</sup> Ndathi, “Thixo, ndibuyela ekhaya, ndizihlaziye izibhambathiso zam kwakhona, ndize ndiqalise ngokutsha.” Ke oko yiloo nto esiceba ukuyenza, oko yiloo nto endilapha ngenxa yayo.

<sup>98</sup> Ndinga ukuba kuya kube kuyinto elungileyo ukuba sikwenzile oku, siqalise ngomhla weshumi elinesibhozo, kwiveki elandelayo, kwintsasa yangeCawe elandelayo, ngobusuku beCawe elandelayo; kunye neCawe elandelayo, neCawe elandelayo. Bangaphi abacinga ukuba leyo kuya kube kuyinto elungileyo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Enkosi.

<sup>99</sup> Ngoku ndifuna ukuba nenze into ethile ngenxa yam. Ukuba beniyi nazisa nabaphi na abantu ukuba kuya—kuya kubakho umhlangano ngomhla wamashumi amabini anesibhozo, ingaba niya kubuya nibazise kwakhona, ukuba asikwazanga kuyenza lonto. Baxelele, babhalele incwadi, okanye into ethile enye.

Asifuni ukuba abantu beze baze baphoxeke, kodwa asizange sikwazi ukuyifumana iholo.

<sup>100</sup> Yabona, asikwazanga kuyifumana. Kwaye ke ngokuba kumhlangano wokugqibela ndicinga ukuba siye saba nabaninzi kakhulu phezulu phaya, nayo yonke into, bona nje. . . Niyazi ukuba uluntu lunjani, kwaye bona. . . Ke, siphila nje kwimihla yokugqibela, kuphelele apho. Kwaye babanga ukuba abantu baye bangena baze baphazamisa isikolo, kwaye babe phaya kwangoko kakhulu, kwaye baye benza *oku*, okanye *okuya*, okanye into ethile eyenye, kwaye indawo yayixinene kakhulu, kwaye umlawuli wezicima mlilo wenza *oku nokuya*. Kwaye, ke, uyazi.

<sup>101</sup> Ke siya kumisela ezo Ngqayi kunye naloo Maxilongo, ndifuna ukuzibeka phakathi. Bendinixelele ukuba ndiyakwenza njalo. Beza phantsi kwenye into. Ke ngokunjalo neNgqayi ziya kufika, ukuvakaliswa kwamaxilongo; kodwa sifuna ukuthabatha uluhlu lonke kanye ngokuthe ngqo, size siluzise, siluqhinele ngaphakathi kunye.

<sup>102</sup> Bangaphi abakhe bafunda nakuphi na okukaMzalwana uVayle, ekubhaleni oko kwakhona, kwaye eyilungisa nokuyinika igrama ukwenzela mna? Ingaba ukhe wafunda nayiphi na yayo? Nikhe nayifunda, ababini okanye abathathu benu. Ndinga ukuba wenze umsebenzi wokwenene, Mzalwana uVayle, umsebenzi wenene! Wena, ndicinga ukuba uDade uVayle uyenzile lonto; kwaye niye nje nabhala phantsi. Wa—waye yi. . . Yabona, andisoloko ndichasene nabafazi, ingaba ndinjalo, Dade uVayle?

<sup>103</sup> Ke ngoku makhe thina, kwelandelayo elishumi elinesihlanu, imizuzu engamashumi amabini, sifunde iSibhalo apha.

<sup>104</sup> Kwaye ndinencwadi encinci apha. Ndixelele, ndiyakholwa, yayinguMzalwana uVayle, okanye, yayingubani na, okanye ndiyakholwa ukuba yayinguRoy Borders. UMzalwana uVayle wandithengela incwadi. Ndifuna ukwenza incwadi yesifundo encinci.

<sup>105</sup> Kodwa ukuba nabani na wakha wakhangelela kuloo nto endiyibiza ngokuba ngamanqaku! Njengokuba ndifuna ukushumayela ngeKhwezi loKusa, ndiya kuzoba inkwenkwezi. Kwaye ukuba ndifuna ukushumayela into ethile ngayo. . . Ndiyenza yonke ngemifuziselo apha, imikrwelo, akukho mntu unokukha azi ukuba yayiyintoni na. Ngelithuba ndiphandle, ndize ndicinge ngayo nantoni na, ekumele ndicinge ngayo, ekukhweleni endleleni, ngamanye amaxesha inqwelo mafutha ixhuma ukunyuka nokwehla, kwaye ndiya kubhala *oku* phantsi, kwaye ndithethe *oku nokuya*, kwaye ndenze imiqondiso emincinci, kunye nomnqamlezo nebhulorho, na—nazo zonke iintlobo zezinto. Njengokuba ndifuna ukushumayela ngokwehla kweNkwenkwezi; kwaye ndiyakubeka iphiramidi, ndiyizobe

apha kwaye ndibeke inkwenkwezi enamanqaku amahlanu kaDavide isihlela kuyo. Kwaye ndiyazi apho ndiya khona eZibhalweni ngolo hlobo; noMoses, into ethile awayenzayo. Nje ndenze imizila emincinci yerhanisi, njengeyo.

<sup>106</sup> Ndineliqela layo khona apha. Kwaye ndicinga, ngale ntsasa, emva phaya xana bendicinga ukuba bendiya kuthetha ngalo mxholo okwemizuzu embalwa apha, kwinqaku, mhlawumbi lonto iya kundithabatha imizuzu engamashumi amabini.

<sup>107</sup> Kwaye ngoko andiyi kuthabatha inkonzo kaMzalwana uNeville ngobubusuku. Ndi—ndi—ndiya kuphumla ngobubusuku, ndiphulaphule kuye.

<sup>108</sup> Kwaye ngoko, iNkosi ithandile, ngeCawe elandelayo ngentsasa siya kuqalisa inkonzo. Kwaye nonke nindincede, kwaye siya kuthandaza, ngokuba lonto yayisentliziyweni yam ukuba ndizame... Bathi, “Ke, singaya eLouisville okanye singaya ezantsi eNew Albany.” Kodwa umhlangano wawumele ukuba ube seJeffersonville. Ndiyakuya eLouisville naseNew Albany, ngamaxesha ahlukeneyo, kodwa oku kufanele ukuba kube lapha eJeffersonville.

<sup>109</sup> Ngoku masithobiseni iintloko zethu nje umzuzu ngelithuba... Bendithetha kuni apha malunga nemizuzu engamashumi amathathu. Masithetheni kuYe okomzuzwana.

<sup>110</sup> Nkosi Yesu, singa—singabantu ngokuqinisekileyo abasikelelekileyo, ngaphezu kokucinga kwethu, ngaphezu kokuqonda kwethu. Kuba, ukuba bekukho obekekileyo phakathi kwethu, njengegosa elithile elivela kwelinye ilizwe, okanye ummeli wezopolitiko wohlobo oluthile, besiya kucinga ukuba bekulungile ukuba sibe nomntu obekekileyo onjalo phakathi kwethu. Kodwa namhlanje sinoThixo weZulu, hayi kuphela phakathi kwethu, kodwa ngaphakathi kuthi, ehleli, ephila uBomi Bakhe ngathi. Kwaye sinombulelo kakhulu ngako oku, Nkosi! Kungaphaya kokuqonda kwethu, kakade.

<sup>111</sup> Kodwa ngoku sithetha ngaloo nto iinkonzo, kunye nokuya e-Afrika, kunye nezinto ezo esiye sazama ukuba sizicwangeise kwezi ntsuku zimbilwa apha e-Indiana. Kwaye ngandlela ithile okanye enye, Nkosi, kusenokuba nguWe usiqhubela kulaa ntente, ukwenza loo mbono uzaliseke. Ke intando Yakho iyakwenziwe, siyimisele ngale ndlela, ngokona kuqonda kungecono kwethu. Ke siyathandaza, Nkosi, ukuba kukho nantoni na echasene nentando Yakho, Uya kuyenza ukuba yaziwe kuthi, ukuze sibe nokwazi ukwenza intando Yakho egqibeleleyo.

<sup>112</sup> Ngoku sisikelele kule mizuzu imbalwa ilandelayo. Thetha nathi ngeLizwi Lakho, Nkosi, kuba iLizwi Lakho liyiNyaniso. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Masityhileni eBhayibhileni, kuMarko, isahluko se-8.

113 Nidla ngokuphuma nini ngesiqhelo, ngentsimbi yeshumi elinesibini entloko? [Umntu othile uthi, “Malunga nentsimbi yeshumi elinesibini entloko.”—Mhl.] Kulungile. Ngoku, ngoku nje uMyalezo omncinci omfutshane apha lowo endinokuwuthetha kuni malunga neLizwi, emveni kokuba ndingqinile malunga nangaphaya, na njalo njalo.

114 UMarko, isahluko se-8, kwaye masiqaleni malunga nomqolo wama-34, ukuya kowama-38, sithabathe owama-38, eso sahluko siphela. Ndiyathanda ukufunda oko Akuthethayo, kuba ndiyazi ukuba leyo yinyaniso. Ngoku thina . . .

*Kwaye xana waba bizela abantu kuye kunye nabafundi bakhe kananjalo, wathi kubo, Nabani na oya kundilandela, makazincame ngokwakhe, kwaye athabathe umnqamlezo wakhe, aze andilandele.*

*Kuba nabani na oya kubusindisa ubomi bakhe uya kulahlekelwa bubo; . . . nabani na oya kulahlekelwa bubomi bakhe ngenxa yam kunye nevangeli, yena lowo uya kubusindisa.*

*Kuba kuya kumnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, waza walahlekelwa ngumphfumlo ongowakhe?*

*Okanye yintoni na umntu anokuyinika ukunanisa ngumphfumlo wakhe?*

*Nabani na ke ngoko oya kuba neentloni ngam nangamazwi am kwesi sikrexezayo nesinesono isizukulwana; ngalowo kananjalo uNyana womntu woba neentloni ngaye, xana afikayo esebuqaqawulini bukaYise kunye neengelosi ezingcwele.*

115 Ndifuna ukuthabatha itekisi encinci ukusuka phaya, ukuba ibinokubizwa oko, ibizwa ngokuba: *Ukuba neentloni*. Niyazi, ndiya kuthanda oko. “Nabani na oneentloni ngaM nangaMazwi aM, Ndiya kuba neentloni ngaye.”

116 Ngoku, igama *ukuba neentloni* lisenokuguqulelwa kananjalo ngokuthi “kukuhlazeka.” Uyazi, into ethile leyo uyi . . . Ujongenento ethile leyo uhlazekayo ngayo, ekubeni uneentloni.

117 Oko, enye into eyenziwa kukuba neentloni, kukubonisa ukuba awuqinisekanga ngento oyithethayo. Ukuba uyayazi into othetha ngayo, kwaye unesiqinisekiso sokuba uyayazi loo nto uthetha ngayo, ungapheleli nawuphi umntu oko; awunazintloni. Kodwa ukuba uziva ukhutshiwe, ungapheleli kwendawo, kubonisa ukuba awuqinisekanga.

118 Uya qaphela kukho okuninzi kakhulu koko namhlanje, ingakumbi ngalo mxholo lowo endithetha ngawo, “Ukuba Neentloni NgeLizwi.” Ngoku, Yena neLizwi bayinto enye.

*Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.*

*Kwaye uLizwi wenziwa inyama, waza wahlala phakathi kwethu, . . . Ikwa nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade!*

119 Ke, “Nabani na oneentloni ngaM nangeLizwi laM,” kwaye Yena neLizwi Lakhe baNye, ke ekubeni uneentloni ngeLizwi Lakhe kwesi sizukulwana sinesono, isizukulwana sangoku, “Ndiya kuba neentloni ngaye.”

120 Ngoku siya qaphela namhlanje, ukuba umntu othile uthi, “Ingaba—ingaba ungumKristu?” Yinto ethandwa kakhulu, uthi, “Owu, ndingumKristu!” Yabona?

121 “Kodwa ingaba uyalikhulwa iLizwi likaThixo, apho Lathi, ‘Le miqondiso iya kulandelana nabo bakhulwayo?’”

122 “Owu!” Nkqu nobuso babalungiseleli buya kuba neentloni. Yabona?

123 Ingaba uneentloni ngayo, sithi, ngempiliso eNgcwele? Ingaba uneentloni ngeVangeli ezeleyo? Ingaba uneentloni ngamava akho obupentekoste? Oko kukuba neentloni ngeLizwi Lakhe. Elo liLizwi Lakhe lenziwe inyama kuwe.

124 Ke, iLizwi Lakhe limelwe kukuba liziphilele ngoKwalo kuso sonke isizukulwana. Laziphilele ngoKwalo ngemihla kaMoses. Ngokuba, ngaloo mhla, iBhayibhile yathi, kumaHebhere, isahluko so-1, “UThixo, ngamaxesha ahlukeneyo nangeendlela ezahlukeneyo wathetha koobawo ngabaprofeti.”

125 Kwaye abo baprofeti! Ibandla lagqwetheka lonke kangako ukuba xana . . . Abo baprofeti, abo bathunywa banesibindi bakaThixo, beza ngaphandle kwecawe, ngaphandle kwehlelo, ngaphandle kombutho, ngaphandle kwayo nantoni na; badela ookumkani, izikumkani, iicawe, nayo yonke into. Xana ababingeleli baziswa phambi . . . Baziswa phambi kwababingeleli, babe ngenazintloni, ngokuba ngokuthe ngqo babeno-ITSHO INKOSI.

126 Ukuba uyaqaphela, umprofeti, ngenye ingqiqo yelizwi, kwiTestamente eNdala, xana wathi ITSHO INKOSI, ngoku mkhangele, ungena kanye kwintetho yokuthabatha indawo kaThixo. Uyaqaphela, xana wakubekayo phambi kwakhe, ITSHO INKOSI, wawela kanye kuThixo, waza wenza njengoThixo. Ngoko wanikela uMyalezo wakhe, ntoleyo yayinguThixo ethetha ngaye, “ITSHO INKOSI!”

127 Ndinga ngabaprofeti bakudala, xana babesiza naloo Myalezo, kwaye Lonto yayihlaza ookumkani, kwaye Yabenza abantu baziva bengakhululekanga. Ababingeleli, nkqu, babeya kuziva bengakhululekanga, ngokuba babemelwe kukuba babe bazinkokheli, abantu benkolo, kwaye xana bona . . . iLizwi leza ngolo hlobo, Labatyhila, baza baziva behlazekile, okanye beneentloni.

128 Kwaye amaxesha amaninzi siya kubona oko, hayi kaninzi, rhoqo kakhulu namhlanje! Ukuba umntu, uthi, “NdingumKristu!”

“Ingaba wamamkela uMoya oyiNgcwele okoko wakholwayo nje?”

“Owu! Huh!” Uyabona, bane—baneentloni malunga naWo.

129 Umntu othile uthi, “Ingaba ungowelaa qela phezulu phaya elo elenza konke oko phaya likhwazayo, nayo yonke laa nto yempiliso eNgcwele?” Amaxesha amaninzi, amaKristu ayarhoxa.

130 Afuna ukubhengeza, ukuba—ukuba anehlelo, ngoku, “NdingumBhaptizi. NdingumRhabe. NdingumLutere.” Abanazintloni ngako oko.

131 Kodwa xana kufikelela ekubeni ngumKristu lowo unokuthabatha iLizwi likaThixo kanye ngale ndlela Liyiyo, ngoko bane—bane—baneentloni. “Andingowalo naliphi na ihlelo,” yabona, bona, bane—baneentloni ukukuthetha oko. Bafanele ukuba njengehlabathi liphela, bamelwe ngumbutho othile.

132 Ngoku, oko kusandula ukungena koko. Ngemihla kaLuther, ukuziqaphela njengomLutere okanye umlandeli kaLuther, ke, lonto yayiphantse yathetha ukufa ngecawe yamaKatolika. Ngemihla kaWesley, ukwazi ukuba wawuyidelile icawe yamaTshetshi, yayiphantse yaba sisohlwayo sokufa ngamaTshetshi, ukwazisa ukuba wawu ngumWisile. Ngemihla yePentekoste, kwakulihlazo, phantse, ukuthi ukuba wawungu—ukuba wawungumpentekoste, ngokuba ngokukhawuleza wawu balelwa ekubeni ungumqengqeleki ongcwele, okanye—okanye othile umhethi wolwimi, okanye into ethile elolo hlobo. Ngoku babangumbutho baza bangena kanye nalo lonke iqela.

133 Ngoku xana ixesha lokubizelwa ngaphandle lifikile, lokuba ungabi ngowawo nawuphi na wayo! Kudume kakhulu ukuthi, “Ndingu mPentekoste.” Kudume kakhulu ukuthi, “NdingumRhabe. UmLutere.” Kodwa kuthini xana kufikwa kwixesha lokuba kuya kufuneka ukuba uphume kwaye umele iLizwi, “Andingowayo nayiphi na kuzo”? Oko, oko kuya hlazisa.

134 UYesu wathi, “Ngoku, ukuba nibe neentloni ngaM, ngoko Ndiya kuba neentloni ngani.” Kutheni Eya kuba neentloni ngawe? Ngokuba ubanga ukuba ungoWakhe, xana ungayi kuMlandela.

135 Kuthini ukuba ndathi, “Le nkwenkwe incinci, ingu—ingunyana wam”; yona ijike kwaye ithi, “Ubani, mna ndibe ngunyana wakho? Ucinga ukuba ndiyintoni na!” Lonto ibiya kundibangela iintloni. Ibiya kwenza njalo, kunyana wakho.

136 Kwaye leyo yindlela ebizwa ngokuba bubuKristu namhlanje. Ukuba uyibiza ngegama lehlelo, kulungile, baya bamkela

ububawo behlelo. Kodwa xana kufikelelwa ekwamkeleni ububawo beLizwi likaThixo, uKristu, hayi, babaneentloni. Abafuni ukuthi, “Ewe, ndiye ndathetha ngeelwimi. Ewe, ndiye ndayibona imibono. Ewe, ndiya kholelwa kwimpiliso eNgcwele. Ewe, ndiya yidumisa iNkosi. Ndikhululekile kuwo wonke umbutho, andiqubudeli nawuphi na kuyo. Ndingumkhonzi kaKristu.” Owu, bethu, oko bekuya kubakrazula nje babe ziziqwenga.

<sup>137</sup> Ngobunye ubusuku, isithethi esikhulu sangena phakathi kwaMadoda angooSomashishini beFull Gospel eChicago.

<sup>138</sup> Bendingakhe ndime apha nje umzuzu, ukuba ndithethe oku. Nindixolele. Kodwa amaxesha amaninzi ucinga, kwaye ndenza njalo nam, oko yiloo nto esithetha ngayo, iNyaniso yeBhayibhile, ayigqithi ngaphezulu phakathi kwabantu. Kodwa, Iya kwenza oko. Ngelinye ixesha baya kubuyela kanye ngokuchasene naYo, kodwa eneneni ababhekiselelanga kulonto. Bazama ukufumana apho umi khona.

<sup>139</sup> Njengokuba ibali lalimalunga negquba lamanxila, lixambulisanisa ukuba kwakungekho nto injengobuKristu. Enye indoda yathi, “Ndiyazi apho akhoyo omnye, leyo yinkosikazi yam.”

Lathi, “Ke, a—andiyikholelwa lonto.”

Yathi, “Yizani, siya . . . masenzeni sonke ngokungathi sinxile ngokwenene.”

<sup>140</sup> Enyuka aya phaya endlwini, aze enza yonke into awaye nokuyenza. Yaze—yaze yabaxelela ukuba bawaphekelele amaqanda athile, yaza ngoko yawaphosa emgangathweni, kwaye yathi, “Wazi ngcono kunokupheka amaqanda am ngolo hlobo!” Iqhubeleka endlini. Kwaye aya ngaphaya kwelinye igumbi, awela phantsi esitulweni. Eva umntu othile phandle phaya etshayela, engathethi nagama, esithi, eziculela ingoma encinci:

Kumele uYesu awuthwale yedwa umnqamlezo,  
Kwaye lonke ihlabathi lihambe  
ngokukhululeka?

Kukho umnqamlezo kuye wonke umntu,  
Kwaye kukho umnqamlezo nakum.

Kwaye lo mnqamlezo ungcwalisiweyo ndiya  
kuwuthwala,  
Kude ukufa kundikhulule,  
Kwaye ngoko ndiye eKhaya ukuya kunxiba  
isithsaba.

<sup>141</sup> Elaa nxila linye lidala lathi, “Yintoni ebendinixelele yona?” Lathi, “UngumKristu!” Yabona, ayemvavanya kuphela. Kwaye ngamanye amaxesha ihlabathi, ndiye ndafumanisa, liya kuvavanya.

<sup>142</sup> Ke andizange ndicinge ukuba oku kuya kwenzeka, kodwa ngobusuku bangoMgqibelo obugqithileyo, ndiyakholwa ukuba yayibubo, okanye ngeCawe ebusuku, isithethi esikhulu... Andifuni ukubiza amagama abantu. Kodwa uyazama, usebenza kanye ngokuchaseneyo. Ndizama ukugcina ezo cawe ngaphandle kuloo ntshukumo yenkonzo, kwaye le ndoda izama ukuzifaka phaya. Ke, yayithethela aMadoda angooSomashishini bamaKristu. Ntoleyo, endandimelwe kukuba ndibe nomhlangano eChicago, kwaye ndacinga ukuba ndiya kube ndise-Afrika ngeloo xesha, ke andizange ndiwuthabathe. Le ndoda yathi, yaphakama phaya yathi, “Eyona ntshukumo inkulu kakhulu, eyona nto inkulu kakhulu emhlabeni ngoku, leyo eyakha yabakho; zonke iicawe zibuyela emva kwiCawe yamaKatolika, kwintshukumo yenkonzo, kwaye amaKatolika aya kwamkela uMoya oyiNgcwele.” Onjani wona umgibe womtyholi!

<sup>143</sup> Kwaye le nkokheli, uMzalwana uShakarian, umongameli waMadoda angooSomashishini baMazwe ngamazwe, waphakama kwaye wathi, emveni kokuba indoda ihleli phantsi, wathi, “Leyo akuyiyo indlela esiyive ngayo lonto.” Wathi, “UMzalwana uBranham usixelele, ukuba, ‘Le ntshukumo yeenkonzo iya kubakhuphela bonke kuphawu lwerhamncwa.’” Kwaye indoda ihleli eqongeni. Yathi, “Iya kuziqhubela kuphawu lwerhamncwa.” Kwaye yathi, “Sityekele ekukholelweni loo nto ayithethayo ukuba iyiNyaniso.” Kwaye wathi, “Bangaphi kuni abaya kuthanda ukuva uMzalwana uBranham esiza aze aninike elona cala liyinyaniso yayo? Phakamisani.” Kwaye kwakukho amawaka amahlanu anento ethile abantu. Bakhwaza baza balila, nje ukuba ndize usuku olunye, usuku olunye.

<sup>144</sup> UMzalwana uCarl Williams wanditsalela umnxeba, wathi, “Mzalwana uBranham, nkwenkwe, ndiye ndaphumela kweso sihlwele,” wathi, “babeneemfumba zamatyala eedola ezilikhulu zibekwe ezandleni zam, ukufumana itikiti lakho lenqwelomoya phezulu apha, nokubuyela umva.” Yabona, nje usuku lube lunye!

<sup>145</sup> Yabona, abo bantu, elaa Lizwi litshona apho ngamanye amaxesha singalaziyo. Yabona? Kodwa, yabona, xana wena ngenene... Akunamsebenzi nokuba ihlabathi lichasene naLo kangakanani na, nokuba amahlelo achasene naLo kangakanani na, uThixo uya Liqondakalalisa ukuba liyiNyaniso. Xana iyure enkulu ekugqibeleni ibetha, izinto ziya kwenzeka mhlawumbi ezo ebesingazange sicinge ngazo.

<sup>146</sup> Ewe, lonto iya bonisa ukuba awuqinisekanga, ukuba uneentloni, ke kuya kuba ngcono ukuba ungaxoxi ngomxholo. Ukuba uya kuba neentloni ngawo, ubungekhe ufune ukuxoxa ngawo; buyela umva.

<sup>147</sup> Kodwa ingathini indoda leyo izaliswe nguMoya oyiNgcwele,

ingathini na indoda ezaliswe ngaMandla kaThixo, kunye nothando lukaThixo entliziyweni yayo, ithethe kumntu imizuzu embalwa ize ingayikhankanyi into ethile malunga noloo thando olo lusentliziyweni yayo? Yabona, kukho into ethile leyo ye—yenzekileyo; awukwazi kuyenza lonto.

<sup>148</sup> Olu lu, kumele ukuba lolwaa suku olubi olo uYesu awathetha ngalo. Abantu baneentloni ngeLizwi kunye noMoya kaThixo lowo usebenzayo ngaphakathi kubo. Kodwa xana iNyaniso yenziwe yacaca ebantwini, uThixo ngoko, ngoKwakhe, ezityhila ngoKwakhe ngeLizwi.

<sup>149</sup> Ngoku, nayiphi na indoda ingenza naluphi na uhlobo lwamabango. Kwaye siye saba nawo kule mihla, apho kuye kwabakho amabango amaninzi kakhulu aye abangwa, lawo ebesoyikeka. Kodwa, uyabona, ukuba kukho iNyaniso, imelwe kukuba ibe ngokweLizwi. Ngokuba, bathi babenazo zonke iintlobo zezinto, ze-oli equkuqela ebantwini, negazi eliphuma ezandleni zabo, nabafazi kwimiqolo yabo kweli gazi, kwaye libaleka ukwehla kwizihlangu zabo, baze baphakamise izihlangu zabo kwaye bazikhuphe i-oli, namasele exhumela ngaphandle aze atsibe ukwehla eqongeni, nazo zonke iintlobo zezinto ezilolo hlobo. Akukho zinto ezinje ngezo eBhayibhileni. Akukho sithembiso nasiphi na sento elolo hlobo, eBhayibhileni. Kuphela, Yathi, “Ngemihla yokugqibela, umoya uya kube usondelelene kakhulu ubungakhohlisa nabeNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Kodwa akukho Sibhalo ngenxa yoko.

<sup>150</sup> Kodwa xana kufikwa kweloqobo, iLizwi likaThixo elingangxengwanga, eliqinisekiswa nguThixo, Libonakala nkqu lihlazisa elinye iqela, kwicala elingqongqo. Yabona, kukho ukuhlazeka malunga naLo.

<sup>151</sup> Kodwa Liyinene kwindoda okanye umfazi, inkwenkwe okanye intombazana, leyo eneneni engumKristu woqobo. Xana uThixo wenza idinga lobhaptizo loMoya oyiNgcwele, waza waLwamkela, kukho iNto ethile leyo izinzayo ngaphakathi kuwe, leyo ekungekho nto ithabatha indawo yaYo. Xana umntu wakha wahlangana noThixo; hayi kwimvakalelo ezithile zemihlali, umdla othile, okanye imfundiso ethile yenkolo, ethile ikhathekizim okanye imvumo nkolo, okanye imfundiso leyo athe wayamkela ukwenzela i—intuthuzelo kuye, kodwa xana eneneni efika endaweni njengokuba uMoses wenzayo, kwicala langasemva kwentlango, uhambe uze ubuso ngobuso noThixo uSomandla, kwaye ubone iZwi lithetha kuwe, ngokuchanekileyo kunye neLizwi nedinga leyure, kukho into ethile eLiyenzayo kuwe! Yabona, awunazintloni ngaLo, Lenza into ethile kuwe. Ngoku, makhe sikhangele ngoku, kwimizuzu nje elandelayo elishumi elinesihlanu.

<sup>152</sup> Kukho abathile abantu abamkela amava anjalo. Kwaye njengokuba ndithetha kuni namhlanje, hayi njengebandla

okanye njengehlelo, ndithetha kuni njengomntu ngamnye; hayi ngenxa yokuba nisiza apha kulo mnquba, ngenxa yokuba ndinithanda kwaye nani nindithanda, hayi ngenxa yoko. Makhe ndithethe kuni njengomntu ofayo, ukuba ngenye imini umelwe kukuba ufike esiphelweni sobu bomi. Kwaye ndisenokungabikho phaya, kwaye omnye umshumayeli usenokungabikho phaya. Kodwa kukho omNye kuphela Onokuhlangana nawe phaya, kwaye lowo nguThixo. Kwaye u—uphulaphule kuLo, kwaye hayi ngokuba “inkosikazi yam ingumKristu olungileyo” okanye—okanye “umyeni wam ungumKristu olungileyo,” kodwa, “Ingaba ndilungile kunye noThixo? Ingaba ndahlangana noThixo ngolo hlobo?” Hayi ngokuba “umalusi wam wahlangana noThixo,” okanye ngokuba “idikoni lam lahlangana noThixo,” kodwa, “Ingaba ndahlangana naYe?” Hayi ngokuba “Ndakhwaza,” hayi ngokuba “Ndathetha ngeelwimi,” kodwa ngenxa yokuba, “Ndahlangana naYe njengoMntu!” Ngoko awuyi kuba nazintlani ngako Oko, kukho iNto ethile leyo igqibeleleyo kakhulu kwaye inyulu, kwaye yinyani.

<sup>153</sup> Kwaye khumbula, usenokuhlangana nomoya lowo uya kwenza njengoThixo. Usenokuhlangana nomoya, uya kwenza *oku, okuya*, okanye *okunye*; wulandele nje kancinci kwaye ubone ukuba uhambelana njani neLizwi likaThixo. Usenokuhlangana nomoya lowo uya kukuxelela ukuba wena usindisiwe, uze ukunike imvakalelo ezukileyo, kwaye uya kukhwaza uze ukhale; ngoko xana ufika ekukhanyeleni iLizwi, ungathini uMoya oyiNgcwele, lowo wabhala iLizwi, ukhanyele iLizwi ElileLakhe? Laa Moya kufuneka usekele lonke idinga likaThixo ngo “amen”! Ukuba awunjalo, ngoko awuzange wahlangana noThixo, uhlangene nomoya okhohlisayo. Kwaye ihlabathi lizele nguwo namhlanje!

<sup>154</sup> Kodwa xana ubona uThixo esihla aze enze ingxelo, yokuba Uya kwenza into ethile, ngoko ubuye kwaye wenze oko, ixesha emva kwexesha emva kwexesha, ngoko unoMoya woqobo kaThixo.

<sup>155</sup> Ungathini uMoya ukuba ube semntwini, uMoya oyiNgcwele lowo ubhale iBhayibhile, ngoko ujike uze ukhanyele, “Oko akulunganga, Oko yayikokomhla othile ongomnye”?

<sup>156</sup> Wathi, “Idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo abakude, nkqu nakwabo esukuba iNkosi uThixo wethu iya kubabiza.” Ezo yayiziZenzo 2:38. Ungathini umoya ngoko ukwamkela nantoni na eyahlukileyo ukusuka Koko, uze ube ngokaThixo, xana amaHebhere 13:8 athi, “UYesu Kristu ikwa nguye izolo, namhlanje, nanganaphakade”?

<sup>157</sup> Kuthini ukuba umntu othile wathi, “Owu, ndiya kholelwa ukuba Waye yintanda bulumko. Waye yindoda elungileyo. Wayengumprofeti. Kodwa nje ngokwamandla Akhe. . .”

158 Ndandithetha ngobunye ubusuku noGeorge Smith, inkwenkwe leyo ihamba nentombi yam, uRebekah; umntwana olungileyo, wayecula apha emnqubeni. Inkwenkwe yomBhaptizi leyo nje yathabatha . . . yaxelayo, “Lisuse igama lam kuloo nto! Andifuni kwanto yakwenza nayo.” Kwaye kwakukho inenekazi eliselula . . . Babenenkomfa, kweli bandla lithile lamaBhaptizi, phezulu ezindulini.

159 Kwaye—kwaye bandichase ngokuluqilima kangako, bonke phandle phaya, kwaye ngantoni . . . Abananto banayo nxamnye nam; bachasene neli Lizwi. Mna, njengomntu, abanakuthetha nto ngokuchasene nam, andizange ndabenzakalisa. Kodwa *Oko* yiloo nto abayoyikayo. Yabona? Ngoku saye sa . . .

160 Babenalo mhlngano phezulu phaya, gxebe, kwaye babene, babeya kuba nemishinari ukuba ithabathe ubusuku obuthathu bokugqibela bale nkomfa inkulu, phezulu kwiinduli apho kwakupholile khona. Kwenzeka ukuba, le mishinari iphakame yaze yafika kuMarko 16, kwaye yathi, “Kukho abantu abaninzi namhlanje abangakholelwayo kwimpiliso eNgcwele.” Yathi, “Ndandise-India. NdingumNdiya. Kwaye ndandise Indiya xana indoda apha e-United States, ngegama elinguMzalwana uBranham, yeza.” Umalusi waqalisa ukushukuma. Yathi, “Inkosikazi yam yayisifa ngumhlaza. Ndandiyimfama,” okanye into ethile elolo hlobo. “Wathandazela omnye wethu, waza omnye wambiza ukuphuma esihlweleni, engalwazi nkqu nolwimi lwethu, kwaye wathetha aMandla kaThixo.” Kwaye yathi, “Silapha, siphilisiwe!” Ke, bazama ukumvala umlomo. Abazange babenokuyenza lonto. Oko, yabona, kanye kweyi yeyabo ikomfa.

161 Emva koko nkqu bakhanyela nantoni na. Kwaye abanye babantu, nkqu owam . . . udade wale nkwenkwe, bona behleli phantsi, abazange nkqu babe nanto yakuthetha. Babefuna ukwazi ukuba yayi nganxibelelananga na, ngandlela ithile ukuze behle bafumanise.

Elinye lamanenekazi lathi, “Ke, ndiya yikholelwa.”

162 URebekah noGeorge baya kulibona eli nenekazi. Kwaye waya waze wafumana intombazana leyo eyayisiva ubunzima lu—lu . . . luhlobo lokuphazamiseka engqodweni, kancinci. Ke bandenza ukuba ndiye ngaphaya ukuya kubona intombazana, ngobunye ubusuku. Kwaye ndaya ngaphaya, inenekazi elincinci lalihleli phaya, ndaza ndathi, “Ingaba ulikholwa?”

163 Lathi, “Hayi, andazi nokuba ndililo na okanye hayi.” Ke, lalingaphazamisekanga engqondweni; nje umoya womtyholi. Abawuqapheli. Yabona, uyakuthabatha wena, kwaye awuwazi. Uyeza, ngoko ubundlobongela bumoyise umntu, kwaye abayazi lonto.

164 Abafazi abo abahamba phandle apha esitratweni, benxibe ezi bhulukhwe zimfutshane, abaqapheli. Basenokuba,

basenokungqina kwaye bafunge kulonto, ukuba abazange benze nantoni na embi ngokuchasene nomyeni wabo, okanye njalo njalo, ngolo hlobo. Kodwa entliziyweni yabo, abaqapheli, kodwa umoya womtyholi uya balawula. Baphethwe nguwo. Kutheni umfazi eya kufuna ukuhluba iimpahla zakhe, azikhulule phambi kwendoda? Kukho umntu omnye kuphela owayenzayo lonto, eBhayibhileni, kwaye babephambene. Abanye bazama ukuzigqubuthela; abaqapheli. Unobuqili ngolona hlobo, ulumke kakhulu! Kufuneka ukuba ukhangele, uzilinganise ngeLizwi likaThixo, uze ubone apho umi khona.

<sup>165</sup> Eli nenekazi liselula lathi, “Owu, bandixelela ukuba ndabhaptizwa xana ndandisengumntwana.” Lathi, “Andazi nokuba ndizikholelwe na ezo zinto okanye hayi.”

Ndathi, “Ingaba uya mkholwa uYesu Kristu na?”

<sup>166</sup> Kwaye lathi, “Ke, andazi nokuba ndiya kwenza oko okanye hayi.” Lathi, “Ezinye zezo zinto zokubhidisa, andizikholelwa.”

<sup>167</sup> Ndathi, “Ke, kakade, awuzikholelwa izinto zokubhidisa.” Ndathi, “Kodwa uyakholwa ukuba Waye nguNyana kaThixo?”

“Owu,” lathi, “Usenokuba waye nguye.”

<sup>168</sup> Ndathi, kwaye ndathi, “Ingaba uya kholwa ukuba Ikwa nguye namhlanje, uThixo lowo uya kukusindisa?”

<sup>169</sup> Lathi, “Ingaba kukho nayiphi na into malunga nokuba kukho imimangaliso kunye nezinto ezilolo hlobo? Andikholelwa kwanto malunga nayo.”

<sup>170</sup> Kwaye ndathi, “Ubungenza ntoni na ukuba ubuhleli emhlanganweni uze ubone uThixo, uMoya oyiNgcwele, lowo ekuphela koThixo okhoyo, esebenza phakathi kwabantu; uThixo ekubuYise, iNtsika yoMlilo, kunye nabaprofeti; uThixo ekuNyana Wakhe; emva koko uThixo ekubantu Bakhe? Zizibonakalaliso nje zikaThixo, uThixo omnye omkhulu Ogubungela inguNaphakade.” Ndathi, “Yintoni ubuya kuyibona ukuba Yena, phakathi kwabantu Bakhe, esenza i—iimfama ukuba zibone, nezithulu ukuba zive, akhangele phandle phezu kwesihlwele aze axelele abantu ukuba yintoni na eyayingalunganga kubo, kwaye njengokuba Wenzayo xana Waye lapha emhlabeni?”

Lathi, “Ndiyakholwa ukuba bekuya kuba lufundo lweenkwenkwezi.”

<sup>171</sup> Ndathi, “Ukwimo embi kakhulu kunokuba bendicinga ubukuyo. Ubuya kuba ngcono ukuba ubuphambene, yabona, ubungekhe uziphendulele.” Kodwa ndathi, “Ubanjwe nje ngumoya ombi.” Ndathi, “Xana uYesu waxelela umfazi equleni malunga namadoda akhe, xana Wakhangelela phezu kwabantu waza wazibona iingcinga zabo, ubungabiza oko ufundo lweenkwenkwezi?” Yabona, nje ebotshelelwe kakhulu

kwihlelo, elibizwa ngokuba ngamaLutere, ukuba nantoni na leyo echaseneyo noko iya kube iphosakele!

<sup>172</sup> Ngoku uThixo ufuna umntu osongelwe eLizwini. Nantoni na enxamnye Koko ayilunganga! UYesu wathi, “Makhe lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye elaM libe yiNyaniso.”

<sup>173</sup> Kwakukho indoda kwesona sigaba senzukulwazi, ngegama elinguNowa. Yayingenazintloni ngeLizwi likaThixo. UThixo wahlangana nayo, kwaye Wathetha kuyo. Wayesazi ukuba yayinguThixo. Kwaye Wathi, “Iya kuna!” Yayingekaze yana, kodwa yena wakholwa ukuba yayiya kuna. Kwaye ukholo olo awayenalalo, waye engenazintloni zakulusebenzisa. Wathabatha ikhulu elinamashumi amabini eminyaka ukwakha umkhombe, xana ihlabathi lalichasene naye. Waye engenazintloni ngeLizwi likaThixo, ngomhla wakhe. UThixo wamsindisa yena nendlu yakhe, ngenxa yoko. Kwakukho i... Indlela esenokuba lonto yabonakala ibubudenge ngayo kwabanye abantu; kodwa, kuye, wahlangana noThixo. Akunamsebenzi nokuba babe ngabenzukulwazi kangakanani na, oko kwakunxamnye, indlela eyathi “ibingenakwenzeka, ibingenakwenzeka,” wahlangana noThixo!

<sup>174</sup> Oko yiloo nto ekuyiyo xana usazi ukuba uyathetha kuYe! Ubuya kucinga ukuba yayiyinto ebubudenge xana umntu othile... Xana, ndiyazi ukuba kukho abantu abambalwa ehlabathini ababambelele kuloo nto endiyithethayo ukuba iyiNyaniso. Ukuma apha kwaye ndithi, “ITSHO INKOSI, ndiya e-Arizona, phaya ndiya kuhlangana neeNgelosi ezisixhenxe kwiqela,” ke, kwakukho iqela lamadoda elalimi phaya ukuze liyibone lonto isenzeka. Ngobunye ubusuku, ndiyithetha, “ILos Angeles iya kuwela elwandle.” Kodwa xana uthe wahlangana noThixo, kwaye uThixo Ongasileliyo, uThixo Owenza kanye loo nto Awathi Uya kuyenza, Wasoloko eyenza, awunazintloni ngayo ngoko. Akufuneki ukuba ubuyeke emva kwaye ube neentloni malunga nayo; ungalixelela ihlabathi liphela. Xana umntu ehlangana noThixo, ethetha kuYe, kwaye ubunyani bukaThixo busiba bobakhe entliziyweni yakhe, akanazintloni ngaLo.

<sup>175</sup> UNowa wayengenazintloni. Lonto yabonakala ibubudenge kwihlabathi lonke, kodwa hayi kuye.

<sup>176</sup> UMoses, xana waye ephambi koFaro, akazange abe nazintloni zakumxelela uFaro ukuba ezi zinto zithile ziya kwenzeka, ngokuba waye hlangene noThixo. UThixo waye emxelele, kwityholo elivuthayo. UMoses wathi, “Ndi-ndiyathintitha.” Oko yiloo nto awaye nayo, umqobo wokuthetha.

<sup>177</sup> Wathi, “Nanko esiza u-Aron. Wena yiba nguThixo kuye, kwaye yena uya kuba ngumprofeti kuwe. Ndiyazi ukuba unokuthetha kakuhle. Kodwa Ndiya kuba nomlomo wakho. Ngubani owenza umntu ukuba athethe?” Amen. Ndiyakuthanda

oko. Lowo nguThixo. “Ngubani na owenze umntu wasisithulu okanye isimumu, okanye ngubani owenze umntu ukuba athethe?” UThixo ukwenzile.

Wathi, “Nkosi, ndibonise uzuko Lwakho.”

Wathi, “Yintoni leyo isesandleni sakho?”

Wathi, “Yintonga.”

<sup>178</sup> Wathi, “Yiphose emhlabeni,” yajika yaba yinyoka. Wathi, “Yiphakamise kwakhona,” yajika kwakhona yaba yintonga. Amen. UnguThixo. “Faka isandla sakho esifubeni sakho.” Wasifaka, sikhuphe, simhlophe liqhenqa. Wathi, “Sifake kwakhona kwaye usitsale kwakhona,” kwaye sasifana nesinye isandla. “NdinguThixo.”

<sup>179</sup> Emva koko wahamba waya phambi koFaro waza wathetha loo nto Awathi uya kuyithetha. Wathi, “Kuya kuba ngolu *hlobo* nangolu *hlobo*.” Wachola intlabathi kwaye wayiphosa phezulu emoyeni, waza wathi, “ITSHO INKOSI, makhe iintakumba zize phezu komhlaba,” zaze iintakumba zeza. Wathabatha amanzi waza wawagalela emlanjeni, kwaye wathi, “ITSHO INKOSI,” waza umlambo uphela nayo yonke into yajika yaba ligazi. Wabiza isichotho sehla siphuma ezulwini.

<sup>180</sup> Uyazi, ngemihla yokugqibela kufanele ukuba kube nezo zibetho ziphinde kwakhona. Kwaye khumbula, umkrexezi, ngexesha leBhayibhile, isohlwayo sakhe yayikukufa ngokuxulutywa ngamatye. Kwaye icawe engakholwayo iya kuxulutywa ngamatye kuse ekufeni, ngamatye esichotho, ngaxesha lithile yayi yindlela kaThixo yokohlwaya. Uya kulixuluba ngamatye eli hlabathi lingakholwayo, esi sizukulwana sikrexezayo. Uya kuxuluba ngamatye esichotho aphuma ezulwini, ngamatye esichotho anobunzima obuyitalente enye, ntoleyo ilikhulu leeponti. Ibandla elikrexezayo liya kufa, ihlabathi elikrexezayo liya kufa phantsi kwesohlwayo sikaThixo, phantsi kokuxulutywa ngamatye, njengoko Wenzayo ekuqalekeni. Lungisani noThixo, bandla! Oko yiloo nto ekufuneka siyenze sonke, sibuyele kuThixo!

<sup>181</sup> Lowo mdala unenwele ebusweni, unenwele ezingwevu namabhovu, unempandla, neengalo ezibhityileyo, u-Eliya onamashumi asibhozo eminyaka ubudala ehleli phezulu phaya entlangeni, ekhangele phandle phezu kwezono zabantu. UThixo wathetha kuye ngenye intsasa, wathi, “Yiya ezantsi phaya kwaye uxelele u-Ahabhi ukuba akuyi kuwa nkqu nombethe osuka ezulwini de uwubize.”

<sup>182</sup> Ndiyawabona amehlo akhe amancinci amadala ekhangele phandle ukusuka phantsi kwaloo ntshebe ikhangeleka imhlophe, laa ntonga esandleni sakhe, ehamba esihla ngendlela njengenkwenkwe eneminyaka elishumi elinesithandathu ubudala. Waya ngqo phambi kobukho bokumkani, waza wathi, “Akuyi kubakho nkqu nombethe osuka ezulwini ndide

ndiwubize.” Waye ngenazintloni ngoThixo okanye iLizwi Lakhe; xelela ukumkani okanye nabani na ongomnye. Waye engenazintloni. Kwaku ngeyomfuneko ukuba afihle, uthi, “Ngoku, Ahabhi, uya kuba yi. . .”

<sup>183</sup> Indikhumbuza into ethile ngokufana nathi. Ngoko ndathi ebantwini, “Ndifika kwindawo, ndiswele ukholo olungakumbi.” Oko yiloo nto ndisekhaya ngoku ngenxa yayo kukuba ndifumane u—ukuqhushumba okutsha kokholo.

<sup>184</sup> Kubanjalo, kubonakala njalo, xana uthandazela abantu, ucela uxolo, “Mnu. Mtyholi, unganceda usuke uze undiyeke. . .?” Akukho nto! Ukholo lunezihlunu, noboya esifubeni salo. Xana luthethayo, yonke enye into ivala umlomo. Musa ukungena, “Mnu. Mtyholi, phuma?”

<sup>185</sup> “Phuma apha! Ndingunyana kaThixo, oyalelwe nguThixo. Bayeke!” Oko kuya shukuma. Awuxolisi nganto kumtyholi, awunanto yakwenza naye. Awunazintloni ngeLizwi likaThixo, awunazintloni ngomyalelo wakho, asinazintloni ngokuba singoobani na.

<sup>186</sup> Ekuphela kwehlazo endililo, kukuba ndinguBranham, olo luzalo lwam lwasesmhlabeni. Ndineentloni ngeentsilelo zam.

<sup>187</sup> Kodwa njengomkhonzi Wakhe, andinazintloni! Andinazintloni ngeLizwi Lakhe. Nokuba ngamahlelo, ookumkani, abalawuli abanamandla, okanye nokuba yintoni na enokuba yiyo; nje ndikulungele ukunika impendulo, uThixo uyibizile.

<sup>188</sup> UMoses wahamba phambi koFaro. Waye engenazintloni ukumxelela ukuba babengayi kwenzelela kwaye bathabathe ezakhe iintsuku *ezingaka* phandle entlangulo.

Wathi, “Abanye babafazi mabahlale, ngakubantwana benu.”

<sup>189</sup> Wathi, “Siyakuhamba sonke! Akukho nkqu nophuphu olunye oluya kusala ngasemva, siya kuthabatha iinkomo zethu nako konke.” Waye engenazintloni. Ngokuba? Waye efike ekuKhanyeni kwentlangulo.

<sup>190</sup> Eso sisizathu sokuba indoda okanye umfazi, ogulayo okanye nantoni na, bakuba bethe bafika kuBukho bukaThixo, kwaye besazi ukuba uThixo ubaphilile, ningena ekuKhanyeni kwentlangulo. Awenzeleli nangantoni na.

<sup>191</sup> Intlangulo yayisentliziweni yakhe, kuba waye hlangene noThixo Owathi, “NdinguThixo ka-Abraham, Owanika u-Abraham idinga. Kwaye ixesha, ixesha lwentlangulo, lokukhululwa, lisondele. Ndikuthumela ezantsi phaya ukuba ubakhuphe.” Yintoni ekumele ixoliselwe, malunga noko?

<sup>192</sup> UFaro ngewayembulele. Waye yindoda nje. Waye elikhoboka. Ngewayembulele. Kodwa waye ngenazintloni ngeLizwi. Akazange ehle aze aguqe ngamadolo akhe kwaye

abongoze kuFaro nangantoni na. Wathi, “Ndize ukuba ndibathabathe.”

UFaro wathi, “Ke, awunako ukubathabatha!”

<sup>193</sup> Wathi, “Kulungile, ngoko kuya kubakho iintakumba phezu komhlaba, ude ubhadule phakathi kwazo.” Kwaye phaya yiloo nto eyenzekayo.

Wathi, “Owu, Moses, zisuse!”

Wathi, “Kulungile. Ngoku uya guquka?”

Wathi, “Ke, ningaya iintsuku *ezikangako* entlango.”

<sup>194</sup> Wathi, “Ngoko iimpukane ziya kufika.” Amen. Wathi, “Ubumnyama buya kufika.” Kwakumnyama ngolona hlobo wawungakwazi ukubona indawo enye kwenye.

<sup>195</sup> Kwaye ekugqibeleni ukufa kwafika. Ukususela kuFaro ukuya kwisicaka, yayikukufa koyena mntwana mdala kakhulu elusatsheni. Waye engenakuxolisa nakubani na. Waye engunyana ka-Abraham, ezelwe kuMoya kaThixo, enikwe umyalelo nguThixo, uMyalezo kaThixo, ukuya ezantsi aze akhuphe abo bantu.

<sup>196</sup> Ke, akanako na uThixo ukubiza kwaloo nto inye kule yure, ukuba akhuphe uMtshakazi ebandleni?

<sup>197</sup> UDaniyeli waye ngenazo, okanye, uDavide, gxebe, waye ngoyiki phambi koSawule. Xana wonke umntu waye soyika uGoliyati phandle phaya, waye ngoyiki ukunyuka. Kwaye wathi, “Umkhonzi wakho...” Lo mfo mncinci ukhangeleka engondlekanga wathi, “Umkhonzi wakho waye esalus izimvu zikayise, laza ibhere lafika lathabatha enye yazo. Ndayileqa entlango ndayibulala, ngesi silingi. Ingonyama yangena.” Owu, bethu! “Ingonyama yangena yaza yathabatha enye yazo, kwaye yabaleka entlango, ndaza ndayiwisa phantsi ngesilingi. Xana yaphakamayo, ndayibulala.” Wathi, “Kwaye uThixo...” Laa kumkani ukreqileyo emi phaya, loo majoni anobuthathaka ayebanga ukuba akhonza uThixo weZulu, aza avumela laa mFilisti ungalukanga eme phandle phaya kwaye adele izintlu zoThixo ophilileyo. Wathi, “Umkhonzi wakho kananjalo uya kumbulala. Kuba, uThixo Owanikela ingonyama nebhene kum, uyakumnikela kananjalo laa mFilisti ungalukileyo.” Akazange athintithe, akazange athi, “*mhlawumbi* kuya kwenziwa.” Wathi, “Kuya kwenziwa!” Waye ngenazintlani.

<sup>198</sup> UDaniyeli, phambi kokumkani, akazange oyike ukudela imiyalelo yakhe yokuba kungabikho mntu uya kuthandaza, kuphela kuye. Wavula iifestile waza wayivula ngokukhawuleza gengelele, kwaye wathandaza kathathu ngosuku. Waye ngoyiki.

<sup>199</sup> UShadraki, uMeshaki, no-Abhednego, babengaloyiki elo ziko lomlilo. Bathi, “UThixo wethu unako ukusihlangula. UThixo unako ukusihlangula. Kodwa ukuba Akenzi njalo, asinakuqubuda kumfanekiso wakho.” Babengenazintlani

ngalo. Hayi, mhlekazi. Hayi, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo babengenazintloni ngalo, ngokuba babesazi.

<sup>200</sup> USamsoni waye ngenazintloni phambi kwamaFilisti. Xana iwaka labalekela kuye, wachola ithambo lomhlathi wemeyile. Kwaye nezo zigcina ntloko, zazimalunga ne-intshi enesiqingatha ubungqindilili, bobhedu. Wabetha iwaka walilalisa ngawo, kwaye nangoko wabe esenethambo lomhlathi esandleni sakhe. Waye ngenazintloni. Wachola nje loo nto eyayisezandleni zakhe, waza waya emsebenzini ngayo. Waye sazi ukuba uMoya kaThixo wawuphezu kwakhe. Waye sazi ukuba wazalwa engumNazareth. Wayesazi ukuba akukho nto eyayi nokumkhathaza. Waye ngumkhonzi kaThixo. Okoko nje yena waye kwintando kaThixo, akukho nto eyayinokuma endleleni yakhe, akunamsebenzi nokuba bangaphi na ookumkani okanye amaFilisti, okanye nantoni na ezayo. Kunjalo.

<sup>201</sup> UYohane waye ngenazintloni ngeLizwi likaThixo elo elafikayo kuye entlango, laza lamxelela ukuba ahambe abhaptize ngamanzi. Waye engenantloni zokuthi, “Yabonani nantso iMvana kaThixo leyo ithwala isuse isono sehlabathi,” kuba uMoya kaThixo wawuphezu kwakhe. Waye ngenazintloni phambi kwababingeleli.

<sup>202</sup> Waye engenazintloni ngeLizwi likaThixo xana waye siya kuHerode. UmkaFilipu waye ephila noHerode. Wenyuka waya ngqo ebusweni bokumkani! Lo mfo mdala unoboya ebusweni uvela entlango phaya, waphuma phaya, engenamfundo okanye nantoni iyenye, kwaye wahamba kanye waya ebusweni bukaHerode, waza wathi, “Akukho mthethweni ukuba wena ube naye!” Waye engenazintloni ngeLizwi likaThixo. Ngokuqinisekileyo. Yena ngokupheleleyo waye engenazintloni ngaLo.

UStefano, waye engenazintloni ngeLizwi likaThixo.

<sup>203</sup> Kuqala, abantu bepentekoste phezulu phaya ngoMhla wePentekoste, xana bahlanganisanayo kwigumbi eliphezulu, uMoya oyiNgcwele wawela phezu kwabo, ngedinga likaThixo. ULuka 24:49 wathi:

*...yabonani, Ndithumela idinga likaBawo  
wam phezu kwenu: kodwa lindani...esixekweni  
saseYerusalem, de namkele amandla aphuma  
enyanweni.*

<sup>204</sup> Kwaye kwa elo dinga elo iLizwi likaThixo lalithembisayo kubo, “Yabonani, Ndithumela idinga likaBawo waM phezu kwenu, kodwa lindani phaya; musani ukufumana imfundo yezakwalizwi kwakhona okanye iimfundo, na njalo njalo, lindani de nambathiswe ngaMandla.” Kwaye xana loo Mandla avela eZulwini afikayo, njengomoya ovuthuza ngamandla, babe ngenazintloni ngeVangeli.

205 UPetros wema, wathi, “Guqukani, nonke ngabanye. Nina madoda, ngezandla ezingendawo, nibethelele emnqamlezweni iNkosana yoXolo, leyo uThixo athe wayivusa kwabafileyo. Kwaye singamangqina. Kuba oku yiloo nto uYoweli awathi iya kwenzeka ngemihla yokugqibela, ‘Ndiya kumthulula uMoya waM phezu kwayo yonke inyama.’” Waye engenazintloni ngeVangeli.

206 UStefano omncinci, njengokuba bendiye ndamkhankanya kwimizuzu embalwa edlulileyo, xana wadlulayo phaya njenge—nge—ngenkanyamba. Waye engenguye umshumayeli. Waye lidikoni nje, kodwa waye ngqina kuyo yonke indawo ngovuko. Waye ehlangene noThixo. Kwaye lonto nje ifana . . .

207 Zama ukumnqanda? Ke, kwakufana nokuzama ukucima i—indlu, indlu etshayo, ukucima umlilo kuyo, ngemini enomoya, ngexesha lembalela. Ngokuba, ngalo lonke ixesha umoya ubhudla, nje untumeke omnye umlilo.

208 Bamrhuqela phambi kweBhunga leSanhedrin. Ingaba ungaqaphela ukuba leyo yintoni na? Oko kufana neBhunga leeNkonzo. Zonke iinkonzo ziya khona, phantsi kweBhunga leeNkonzo. Bonke baya phaya phantsi kweBhunga leSanhedrin. AbaFarisi, abaSadusi, amaHerode, nokuba babeyintoni na, babemelwe kukuba bangene kweloo bhunga. Kwaye bamthimba, nje hayi umbutho omnye, kodwa ibhunga elikhulu lamthimba. “Siya kumoyikisa kakhulu.”

209 Xana wenyukayo, ngaloo ntsasa, iBhayibhile yathi ubuso bakhe bakhangeleka njengeNgelosi. Wathi, “Madoda kunye nabazalwana, makhe ndithethe kuni. Oobawo bethu babehlala eMesopotami ngaphambi kokuba beze kwaHaran,” njalo njalo. Waye yakuya ekunikeni iZibhalo. Ngoko xana wafuthekayo, uMoya wehla phezu kwakhe, wathi, “Nina bantamo zilukhuni, abangalukileyo ngentliziyo neendlebe, nihlala nimchasa uMoya oyiNgcwele; njengoko ooyihlo benzayo, nani nenza njalo.” Waye engenazintloni ngeVangeli, waye engenazintloni ngeLizwi. Waye engahlazekanga phambi kwalo naliphi na iBhunga leSanhedrin. Hayi.

210 UPawulos wathi phambi ko-Agripa. Ekubeni engumYuda, efundiswe phantsi kukaGamaliyeli, eyona ndoda inkulu eyayihloniphekile. Kodwa ngenye imini, endleleni ehlayo ukuya eDamasko, weza kuBukho, wanxibelelana noThixo. INgelosi yehla ivela eZulwini, ikwimo yeNtsika yoMlilo, ukuKhanya oko okwambetha wawela emhlabeni. Waphakama, kwaye wathi, “Nkosi, UnguBani na?”

Kwaye Yathi, “NdinguYesu.”

211 Wema phambi kuka-Agripa, waliphinda ibali kwakhona. Wathi, “Andinazintloni ngeVangeli kaYesu Kristu, kuba IngaMandla kaThixo asingise entsindisweni, kuye wonke ubani lowo ukholwayo.” Ngokuqinisekileyo.

212 Ngoku, zihlobo, siye sehla nomntu, ukuhla kuso sonke isigaba, kodwa silidlulile ixesha.

213 Kodwa makhe ndithethe oku. Umntu owakhe wanxibelelana kunye noThixo, lowo uliLizwi, kwaye iLizwi lenziwe lacaca kwaye labonakaliswa kuye, akukho zintloni malunga noko. Awunantloni. Akundihlazisi ukuthi ndilikholwa lonke iLizwi likaThixo. Akundihlazisi xana iNkosi isithi ndithethe nantoni na, yiya uyithethe kwaye uyenze; akundihlazisi ukuba ndithi ndiye ndazaliswa nguMoya oyiNgcwele; akundihlazisi ukuba ndithi ndiye ndathetha ngezinye iilwimi; akundihlazisi ukuba ndithi iNkosi yethu iye yandibonisa imibono; akundihlazisi ukuba ndithi Ikwa nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

214 “Xana nithe naziswa phambi kwabalawuli kunye nookumkani, ngenxa yeGama laM, musani ukucinga ukuba yintoni na eniya kuyithetha, kuba iya kunikwa kuni ngaloo yure. Akunini abo bathethayo, kodwa uBawo waM lowo uhleliyo kuni. Kodwa nabani na othe waba neentloni ngaM kunye neLizwi laM, kwesi sizukulwana, yena Ndiya kuba neentloni ngaye phambi koBawo waM neeNgelosi ezingcwele.” Thixo sincece ukuba singabi nazintloni, kodwa sincece ukuba sibe bubungqina obuphilayo.

215 Wonke umntu kwiTestamente eNdala, xana abo baprofeti bezayo, baba—baba liLizwi eliphilileyo. BabeliLizwi. UYesu wathi babebizwa ngokuba ngoothixo, kwaye babengabo, ngokuba iLizwi likaThixo leza kubo. Bathi, “Ngu-ITSHO INKOSI.”

216 Kwaye nawuphi na umfundi kaKristu othe wanxibelelana naYe ekuhlangulweni, kwaye usindiso luthe lwangena entliziyweni yakhe, ungumthimbi kaThixo. Kwaye luhlobo luni lobomi ekumele siluphile, kwaye nendlela ekumele sihambe ngayo, kwaye nendlela ekufanele sithethe ngayo, ukuba uThixo uzimele ngoKwakhe ngemizimba yethu efayo? Ngubani na onokuba neentloni ngako oko?

217 Ukuba ndifika kwindawo leyo endandikumkhosi wamapolisa apha eJeffersonville, ndihambe ndisihla ngesitrato, kuwo onke amagunya, bendingekhe ndibe nazintloni ngesixeko. Bendiya kuba yinxalenye yesixeko. Bendiya kuba lipolisa, inxalenye yesixeko, ukugcina ucwango kunye nokuziphatha. Ukuba umntu utsibe isibane sibomvu, bendingekhe ndibe nazintloni ukumxelela ukuba wenze okungalunganga, ndimnike itikiti. Lowo ngumsebenzi wam, kuba ndiya—ndiya hlawulwa sisixeko. Ndiphila ngesixeko. Ndinegunya elivela esixekweni. Akunamsebenzi nokuba waye nxilile na, okanye nokuba yayi yintoni na ingxaki ngaye, baya kundixhasa. Ndimi emihlabeni yam, kuba ndilipolisa kwaye okanye-... Ndimiselwe, okanye ndibekwe apha kwaye ndanikwa igunya lokwenza oku. Umelwe

kukuba uthabathe umthetho kunye namalungelo, nezinto, kwaye ubone ukuba lonto yenziwe ngoku kuko.

<sup>218</sup> Ngoko, ukuba ndingumKristu kwaye ndiye ndazaliswa nguMoya, ndinxibe ubungqina bovuko lukaYesu Kristu, ukuba ikwa nguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade, ungaze uvumele nawuphi na umtyholi azame ukukutyhala, athi, “Awukwenzi oku kwaye awukwenzi okuya.” Uya Yenza. UThixo ukunikile i. . .

<sup>219</sup> Yabona, asinawo amandla. Elaa polisa alinawo amandla okumisa nenye inqwelo mafutha. Kumalunga. . .ngamanye amaxesha zingamathathu okanye angamakhulu amane amandla amahashe enjini, lingenza ntoni malunga nalonto? Kodwa linegunya.

<sup>220</sup> Kwaye elo liBandla. Sinegunya, ngovuko lukaYesu Kristu neLizwi Lakhe lesithembiso, haleluya, “Izinto ezo eNdizenzayo niya kuzenza nani; nokungaphezulu koku niya kukwenza, kuba Ndisiya kuBawo.”

<sup>221</sup> Musa ukuba nazintlani ngaYe kwesi sizukulwana; esinesono, sididekileyo, isizukulwana sokugqibela eso esiya kukha sibekho emhlabeni sinosono, sikrezezayo, kwaye esizele zizilonda ezivuzwa ububomvu. Yonke, yonke into leyo ibifanelekile iye yaba yengafanelekanga. Ezopolitiko zesizwe, ukungcola! Izizwe zaphukile.

<sup>222</sup> Emva phaya kumahlathi ase-Afrika, kubazingeli abacwangcisiweyo, kwanyanzeleka ukuba bathabathe oonomathotholo bamandla aphezulu ukuze beve u-Elvis Presley, uPat Boone, nabo bafo nalo rock-and-roll kunye nokuzibhijabhija. Kwaye abantu bomthonyama, bezama ukubabona besenza kunye, bexhuzula iintloko zabo kwaye besenza ngolo hlobo, abantu bomthonyama beme baze bakhangele kubo. Kodwa, uyabona, abangomaMelika njengoPat Boone, no-Elvis Presley, noRicky Nelson, kunye nabo bafo banjalo. Abangabo ooYudas bolo hlobo, kodwa bayi. . . Yabona, ngumoya. Kwaye umoya awukho kuphela eMelika, uye wazisasaza ngokwawo phezu kwehlabathi, ukubazisa kwidabi le-Amagedoni. Benza ngolo hlobo, nokuba basesi. . . Nokuba bavela kwesiphi na isizwe, e-Afrika, e-India, nokuba kuphi na, obo bukrwada nezinto ziye zisasazeka kuwo wonke umhlaba, ngendoda nje enye eziqalileyo.

<sup>223</sup> Ke ngokunjalo neVangeli kunye naMandla kaThixo uSomandla, ziye zisasazeka kwihlabathi jikelele! Kwaye ixesha lokwahlula ngoku lithabatha indawo, xana uThixo ebiza uMtshakazi, kwaye umtyholi ubiza icawe. Makhe ndibe yinxalenye yoMtshakazi!

Masithandazeni.

<sup>224</sup> Thixo othandekayo, sibona umbhalo wesandla eludongeni, Nkosi. Sisekupheleni kwexesha. Siyazi ukuba kukho izinto

ezinkulu ezilele ngaphambili, kodwa nangoko ndaweni ithile, ndaweni ithile ngaphandle kule mbutyulela phandle apha, kusekho abantu nangoko abanyanisekileyo abo abathi bamiselwa ukuya eBomini. Ayinakwenzeka kumntu omnye okanye abantu ababini; kodwa, Thixo, sonke kunye, makhe sandlaleke kuyo yonke imbombo esikwaziyo kuyo, iindaba ezilungileyo zokuba uYesu uya buya, kwaye, yabona, nje yandlala iSonka ekuhlaleni, iLizwi elincinci. Naphi na apho aMakhozi akhoyo, aya kulandela oko Kutya. Nokuba Kuza ngeteyiphu, okanye nokuba Kuza ngelizwi okanye ubungqina, aMakhozi aya kuKulandela ukuya kwikomkhulu laKo. Kuba Kubhaliwe kwathiwa, “Apho iSidumbu sikhoyo, phaya aMakhozi aya kuhlenganisana.” Yesu othandekayo, siyazi ukuba UsiSidumbu eso esisidlayo. Wena uliLizwi, kwaye iLizwi lenziwa inyama laza lahlala phakathi kwethu. Siyathandaza, Thixo, ukuba njengokuba sisasaza iLizwi, ukuze aMakhozi okwenyani aLifumane.

225 Makhe singabi nazintloni xana simi phambi kwabantu, abangendawo, abantu abangakhathaliyo, unqulo, nokuba yintoni na. Njengokuba uPawulos waxelela uTimoti:

*...Masizingise ngexesha elililo, nelixakekileyo; yohlwaya, kwaye ukhalimele, kwaye...ngako konke ukuzeka kade umsindo nemfundiso.*

*Kuba ixesha liya kufika xana bengayi kuqinyamekela imfundiso ephilileyo; kodwa ngokwezabo iinkanuko bayaku...zifumbela ngokwabo kunye abefundisi, bebaba iindlebe;*

*Kwaye baya kujikwa...basuke enyanisweni,...*  
ukuya kwiintsomi.

226 Thixo, siphila kuloo mhla. Uye wandivumela ukuba ndiphile ixesha elide ngokwaneleyo ukuze ndibone oko kusenzeka. Njengokuba, oko kulele kanye apha kwilitye lembombo lalo mnquba namhlanje, wamashumi amathathu anesithathu eminyaka eyadlulayo.

227 Thixo, sikelela ngamnye olapha. Ukuba kukho omnye olapha, Nkosi, lowo ungakulungelanga ukuhlangana naWe, abo abanganako nje ukuvumelana neLizwi Lakho, kwaye abangazange bahlangane naWe ubuso ngobuso kwaye bazi ukuba Awukho nje ngasenzo sohlobo oluthile lo—lo—lokwamkelwa, njengokuba ubuya kwenza kwimvumo nkolo okanye into ethile, kodwa bahlangane noThixo ophilileyo; kwaye ukuba abakaze bakwenza oku, Nkosi, banga bangakwenza kanye ngoku.

228 Ndi—ndiya kholwa ukuba Uku—Ukufuphi ngokwenene ngale yure. Andazi ukuba bangoobani na. Andazi nkqu ukuba kukho nawuphi na apha, kodwa nje ndiziva ndikhokelelwa ukuba ndithandaze kuWe. Hayi ukuba abantu bandive, kuba oko

bekuya kuba sisithethe sohanahaniso. UThixo makangavumi. Andifuni ukuba ngumhanahanisi. Kodwa ndibathandazela ngokunyanisekileyo entliziyweni yam, Nkosi.

<sup>229</sup> Nabani na okanye ungulowo Uthethe kuye ngale ntsasa, banga ngokuzithoba bangangabi nazintloni, kodwa phaya ezantsi kubunzulu bentliziyo yabo bakwamkele Wena ngoku, besiza ngolu rhatya baze babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, belandela lonke iLizwi, lonke iLizwi; ukuba babe bhaptizwe ngokwahlukileyo, okanye bephehlelelwe, begalelwe. Khumbula (siyenza, Nkosi) ukuba Wathi, “Nabanina oya kususa iLizwi elinye eNcwadini, ongeze igama libe linye kuYo, isabelo sakhe siya kususwa eNcwadini yoBomi.” Nangona ezama, esiza, abeke igama lakhe encwadini, a—akunakusebenza. Makhe sinyaniseke kwaye sithobeke.

<sup>230</sup> Ngoku basezandleni Zakho, Nkosi. Wenza ngabo njengoko Ubona kufanelekile, kuba bangaBakho. EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo.

<sup>231</sup> Ngoku ngelithuba siqubude iintloko zethu, ndifuna ukuba nicinge ngqongqo ngokwenene ngoku. Ndiyaxolisa, kuqala, ekubeni malunga nemizuzu elishumi elinesihlanu emva kwexesha. Ngoku sifuna ukungqumshela. Kwaye ucinge nje entliziyweni yakho ngoku, “Ingaba ngokwenene ndiye ndahlangana noThixo?” Nje yicinge lonto ngenene ngokunyaniseka ngoku. Kuba, akusayi kuba ngamaxesha amaninzi kakhulu mhlawumbi kude...Kusenokuba lixesha lokugqibela ngoku, elo esiya kuhlangu ngalo phambi kokuBuya Kwakhe. Likufuphi, zihlobo. Sonke iSibhalo, sikhangeleka ngathi, simalunga nje nokuzalisekiswa. Kwaye kusenokuba njalo, ngenxa yakho okanye mna, eli kusenokuba lithuba lethu lokugqibela. Sisenokuhamba ngaphambi kobusuku.

Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

Ndiya mva . . .

“Ingaba uneentloni ngaM nangeLizwi laM?”

Ndiya mva uMsindisi wam . . .

<sup>232</sup> Ngoku nje khawufane ucinge ulele emandlalweni wakho wokufa ngoku.

. . .nokuva . . .

Ngoko kusenokuba kamva kakhulu, kodwa akukabinjalo kanye ngoku.

“Thabatha umnqamlezo wakho, kwaye . . .”

Kusenokufuneka ukuba ndincame ngoku.

“ . . .Ndilandele.”

Ngoku, entliziyweni yakho, phendula oku:

Ndiyakuhamba naYe ukugqitha emyezweni,

Ndiyakhamba naYe ukugqitha emyezweni,  
 Ndiyakhamba naYe ukugqitha emyezweni,  
 Ndiyakuyamba naYe, naYe yonke . . .

<sup>233</sup> Ngoku ngeentloko zethu zithotywe, masiphakamiseni nje izandla zethu size sithi:

Ndiyakhamba naYe ukugqitha emgwebeni,  
 Ngoku, oko koko kuqhubekayo kanye ngoku: Uyasigweba.  
 Ndiyakuya . . .

Nkosi, ingaba Undifumana ndinetyala na? Ngoko, ndixolele.  
 . . . ukugqitha emgwebeni Wakhe,

Ingaba yintoni na Undigwebela ukuba ndibe yiyo ngale ntsasa, Nkosi?

. . . naYe ukugqitha emgwebeni . . .

Ndicikide, Nkosi, ubone ukuba kukho nantoni na engahlambulukanga ngaphakathi kwam.

. . . naYe, naYe yonke indlela.

<sup>234</sup> Bawo, siyaKubulela ngale ntsasa ngazo zonke ezi zandla. Andikhange ndibone namnye umntu ngaphandle kwabo bebephakamise izandla zabo. NdiyaKubulela, Nkosi. Ndi—ndiya themba ukuba Awukhange ngokunjalo, Nkosi. Akukho namnye abo abangakhange baphakamise izandla zabo, bakulungele ukudlula emgwebeni. Sigwebe, Nkosi. Kwaye ukuba kukho nayiphi na imposiso kuthi, sixolele ngenxa yayo, Bawo. Siphe okwenceba Yakho, kuba asifuni ukuhlangabezana nomgwebo Wakho xana inceba ingekho. Ke, inceba ikho ngoku, ke siyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusigweba kwaye usixolele izono zethu, ngokweLizwi Lakho nangokwedinga Lakho. Kwaye sivumele sikuphilele Wena yonke imihla yobomi bethu, ekubeni singenazintloni ngeVangeli.

<sup>235</sup> Ngoku, Bawo, ukuba yintando Yakho, siqalisa iiCawe ezintathu ngokuthe ngqo ngoku, zemihlangano. Lungisa iintliziyo zethu ngenxa yayo, Nkosi. Ndilungise, Owu Thixo. Ndingulowo umi ngokunzulu kakhulu ndikwisidingo Sakho. Ndiyathandaza ukuba Uyakundikhokela kwaye undalathise kwizinto endimelwe kukuba ndizenze nokuzithetha, kwezi ntsuku zizayo.

<sup>236</sup> Khokela kwaye walathise uMzalwana wethu oxabisekileyo uNeville, laa mkhonzi uligorha Wakho, Nkosi; kwaye kananjalo noMzalwana uMann, namadikoni ebandla, namathenjwa, naye wonke umntu lowo uhlanganisana apha.

<sup>237</sup> Silungise, Nkosi, ukuze sibe nako, nge—ngendlela yokwenene yobuKristu, ukuba sizise aboni kuWe, kunye nokuzisa amalungu ecawe ekumazini uThixo lowo simaziyo, lowo esithe sahlangu naye ngokobuqu, makhe Abe nguThixo wabo, kananjalo. Ngoku, Bawo, oku asinako

ukukwenza, asinakubathumela ngaphakathi. Kodwa Wena, Moya oyiNgcwele, hamba phezu kwabantu, amalungu eecawe.

<sup>238</sup> Kwaye njengamava amancinci endaba nawo naWe ngenye intsasa, “Hamba uye kufumanela uNyana wam uMtshakazi. MthaBathe phakathi kwabantu, phakathi kweecawe. Khuphela ngaphandle loo Mtshakazi.” Makhe mna, emthandazweni ngoku, Nkosi. Wena thumela uRebheka; ndiya kuzama ukuba ngu-Eliyezere. Ndincede ukuba ndibe ngumkhonzi othembekileyo. Kwaye wanga uThixo weZulu angathumela iNgelosi Yakhe phambi kwam, phambi kwethu, ukuze siqokelele izinto ndawonye kwaye sinyule uMtshakazi lowo Yena amkhethileyo. Sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

<sup>239</sup> Ngoku, ndiyaxolisa ngokunigcina kude kube kamva kancinci. Ngamashumi amabini anesihlanu kamva. Bekufanele ukuba ndiphumile apha, emizuzwini engamashumi amabini anesihlanu edlulileyo. Kodwa, ngoku, niyalithanda elaa culo lidala, “Thabatha iGama likaYesu Kunye Nawe”? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akukuhlanga oko? Ndiye ndacula oko ngoku iminyaka engamashumi amathathu anesithathu, njengengoma yokundulula. Ubhaptizo lwamanzi, “Kumanxweme aseYordani anesiqhwithe ndiyema.” Kwaye ndicinga ukuba oku kuhle kakhulu, “Nje Lithabathe naphi na apho uya khona!”

IGama elixabisekileyo, Owu limnandi  
kangakanani!  
Ithemba . . .

Ngoku xhawula izandla nomntu othile osecaleni kwakho.

IGama elixabisekileyo, (iGama  
elixabisekileyo!) Owu limnandi  
kangakanani!  
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

<sup>240</sup> Ngoku khumbulani inkonzo yangobubusuku, ngecala leyesixhenxe, ngecala leyesixhenxe ngobubusuku. Ngoku masiculeni lo mqolo omnye, yabona:

Thabatha iGama likaYesu kunye nawe,  
NjengeKhaka kuzo zonke izibatha;  
Xana izilingo zikungqongile . . . (Yintoni  
oyenza ngoko?)  
Nje phefumla elaa Gama liNgcwele  
emthandazweni.

IGama elixabisekileyo, Owu limnandi  
kangakanani!  
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;  
IGama elixabisekileyo, Owu limnandi  
kangakanani!  
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

241 Bekukho nabaphi na ababeze kubhaptizwa emva kwale nkonzo? Ukuba kunjalo, phakamisani izandla zenu. Umntu othile ekumele ukuba abhaptizwe? Ababini, kulungile, ekumele ukuba babhaptizwe ngoko nangoko emva kwale nkonzo. Ukuba bonke abanye benu, nabani na wenu ofuna ukubhaptizwa, siya kuba neenkonzo zobhaptizo kuzo zonke ngazinye ezi nkonzo. Ekuphela kwento ekufuneka uyenzile kukubuza. Sikulungele ukukubhaptiza. Lowo ngumsebenzi wethu, ukukubhaptiza eGameni leNkosi yethu uYesu Kristu. Ngumsebenzi wethu ukuyenza lonto. Kwaye siyakukuvuyela ukwenza lonto, nangaliphi na ixesha. Nina eniya kubhaptizwa, nje yiyani emagumbini, ngoko nangoko emveni kwenkonzo, kwaye siya kuqhubela phambili kanye nobhaptizo lwamanzi. Nabani na ofuna ukubalandela, uya kuqiniseka ukuba silapha... ukuba uguqukile esonweni sakho kwaye wamamkela uYesu njengoMsindisi wakho.

242 UbengumKristu iminyaka, kwaye ungekaze ukubone ukuKhanya, kwaye uKhanya kwentlangulo kufikile ngoku. Umfazi, uMtshakazi lowo omelwe kukuthabatha iGama! UYesu wathi, “Ndize eGameni likaBawo waM, kwaye anindaMkelanga. Kodwa kuya kubakho omnye oya kuza egameni ekulelakhe, kwaye yena niya kumamkela,” elo lihlelo lenu.


243 Nawuphi na unyana uza egameni likayise. Ndiza egameni likatata. Nina madoda niza egameni likatata wenu.

244 Kwaye lalingubani iGama Lakhe, lingubani iGama likaYise? UYesu! Yena, “ndize eGameni likaBawo waM, anindaMkelanga.” Ngoku uMtshakazi Wakhe uya kuba neGama Lakhe, kakade.

245 Ndathabatha umfazi, ogama linguBroy, waza waba nguBranham.

246 Uzela uMtshakazi, qiniseka kwaye ukhumbule oko njengokuba usiza equleni.

Makhe sithobiseni iintloko zethu ngoku.

247 Kwaye uMzalwana uVayle apha akanguye ongaziwayo kuthi. Ungumzalwana oxabiseke kakhulu, ubekunye nam kwimihlangano emininzi, yena nenkosikazi yakhe. Kwaye yena ukwanguye kananjalo ngoku umbhali wezintshumayelo kunye nezinto ezo eziya kwimo yencwadi. Mzalwana uVayle, ubungasindulula ngomthandazo, ngelithuba sithobisa iintloko zethu. [UMzalwana uVayle uyathandaza—Mhl.] 

65-0711 Ukuba Neentloni  
e-Branham Tabernacle  
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2026 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)